


# YEZA NJANI INGELOSI KUM, KUNYE NOMYALELO WAYO

 Kwaye nabazalwane bamelwe kukuba...Ndibona iqela lezishicileli-mazwi ezantsi apha, kwaye ziyakukucholachola oku, ngokuqinisekileyo. Nangaliphi na ilixa ufuna ukwazi nje lonto uMoya oyiNgewele ayithethileyo kuwe, bonana nabazalwane apha abanezi zishicileli mazwi, bona ke banakho ukuyibuyisela kanye emva, uze ubenakho ke ukufumana umcimbi wakho ngokuchanekileyo. Kwaye qwalasela uze ubone ukuba akwenzeki nje ngokuchaneka kwendlela eYichaze ngayo, uyabona. Wakuyiva iphefumla u-“ITSHO INKOSI, ‘Into ethile, okanye oku kuyile indlela,’” okanye nje yiqwalasele kwakhona uze ubone ukuba oko kunjalo na okanye hayi. Yabona? Isoloko iyilondlela.

<sup>2</sup> Ngoku, ukwenza isandlalelwana nje...Ndaye ndibuvuya ngokuhlwa nje kuba sibambalwa abakhoyo apha. Singabakhaya nje, asinjalo? Asingabo, akukho namnye kuthi, ungongaziwayo. Thina asi...mna nje ndingayisebenzisa eyam yaseKentucky igrama ndize ndizive kanye ndisekhaya ngoku, ngobasingabo—singabo nje...Kwaye andigxibhi Kentucky ngoku, ukuba kukho bani apha ovela eKentucky. Ingaba kukho nabani apha osuka eKentucky? Phakamisa isandla sakho. Yitsho! Ndimelwe kukuba ndizive kanye ndisekhaya, andimelwanga kukuba njalo? Oko kulunge mpela.

<sup>3</sup> Umama wam wayekhe washishina ngendlu eqeshisayo. Ndaza ndehla ngenye imini ukuya kufumanisa...Apho kwakuliqela elikhulu lamadoda awayeqeshe apho, kwaye nenkulu, ende yona itafile ilungisiwe. Ndaza mna ndathi, “Bangaphi apha abavela eKentucky, mabeme ngeenyawo.” Kwasukuma wonk’umntu. Ndaza ndenyuka ndisiya enkonzweni ngoba busuku, ebandleni lam, ndaza ndathi, “Bangaphi apha abavela eKentucky?” Kwasukuma wonk’umntu. Ke ndathi, “Kulungile, oko kuhle kakhulu.” Iimishinari zenza umsebenzi omhle, ke sinombulelo ngawo.

<sup>4</sup> Ngoku, kwiNewadi yamaRoma, kwese-11 isahluko kowama-28 umqolo. Phulaphulisisa ngoku kufundo lweSibhalo.

*Okunene ngokweendaba ezilungileyo, baziintshaba ngenxa yenu: kodwa ngokonyulo, ngabaziintanda ngenxa yoo...yoobawo.*

*Kuba iziphoo nobizo lukaThixo zingaphandle kwenguquko.*

<sup>5</sup> Masithandazeni. Nkosi, sancede ngokuhlwa nje ngoku sisasondela koku ngentlonipho, ngentliziyo yethu yonke, sisekunyanisekeni, zithethelwa kuphela olwaKho uzuko ezi zinto. Kwaye nceda mna, Nkosi, beka nje kweyam ingqondo nje ezo zinto zimelwe kukuthethwa kunye nomlinganiselo emazithethwe ngawo. Ndinqamle ngelaKho ilixa. Ndicela ukuba yonke intliziyo ize izamkele ezi zinto khon'ukuze kubeyinzuzo kwabo bagulayo nabasweleyo kubo aba baphulaphuli. Kuba ndikucela oku kwelikaYesu Kristu iGama. Amen.

<sup>6</sup> Ngoku, ndifuna ukuhlangabeza lengongoma kanye nje ngoku siliqaqobana. Kwaye—kwaye ndiyakuzama ukuba ndinganigcini thuba lide, ndizakuyibeka apha iwotshi yam ndize ndizame kangangoko ngoku ukunikhupha kwangethuba ukuze niphinde nibuye ngokuhlwa kwangomso. Ngoku, yibani semthandazweni. Andicingi ukuba inkwenkwe iyawakhupha kwa ukuwakhupha amakhadi. Andikhange ndimbuze nokuba u...Yaye ukuba abayenzanga okanye bayenzile okanye abayenzanga, akunamsebenzi. Sinawo amakhadi apha kananjalo ukuba simelwe kukubiza athile. Ke, ukuba akunjalo, ngoba, sizakubona nje oko uMoya oyiNgcwele akuthethayo.

<sup>7</sup> Ngoku, ukuba niyakuphulaphulisisa...Ngoku, oku kusenoba...ekubeni mna ndi...Thina nje sibambalwa abakhoyo apha, lixesha elilungileyo lokuthetha oku, ngoba kona—kona kumalunga nobuntu obubobam. Kwaye seso isizathu sokuba ndifunde esi siBhalo ngokuhlwa nje, ukuze nibone ukuba izipho kunye nezibabalo azinto anokuthi ubani azizuze ngokufaneleka.

<sup>8</sup> UPawulosi ethetha apha, wathi, “AmaJuda, ngokomgca weVangeli, amfanyekiselwa kude emka kuThixo, oko, kungenxa yethu.” Kodwa umqolo nje ophambi kwalowo, wathi, “Ewonke uSirayeli uyakusindiswa.” USirayeli ephela uyakusindiswa. Ngokonyulo, uThixo uBawo ubathandle waze wabamfamekisa bona ukuze thina ziNtlanga sibe nokufumana indawo ngoku yenguquko, ukuze, ngaye uAbraham, iMbewu yakhe ibenakho ukusikelela lonke ihlabathi ngokwelaKhe iLizwi. Niyabona into okuyiyo ukuba ngozimeleyo kukaThixo? ElaKhe iLizwi nje limelwe libe njalo. Akanakho nje ukuba yiyo nayiphi na engenye. Kwaye ngoku thina, ngalo...uThixo wasenyula; Yena wonyula umJuda; kwaye Yena...

<sup>9</sup> Zonke ezi zinto zikokukaThixo ukwazi kwenxa engaphambili. Xa Yena wathethayo ngazo ezaziyakubakho, Wayazi kwangenxa engaphambili. Ngoku, uThixo, ukuze abenguye uThixo, ekuqalekeni Yena kwafuneka asazi isiphelo okanye Wayengenguye ongenasiphelo uThixo. UThixo unga kungangatshabalali namnye. Ngokuqinisekileyo akathandi! Yena akafuni kubekho namnye otshabalalayo. Kodwa ekuqalekeni kwesiqalo semihla, i—ihlabathi, uThixo wayazi

nje ngqo ukuba ngubani na uyakusindiswa kwaye ingubani obengasayi kusinda. Yena ebengafuni abantu balahleke, “Akuyiyo eyaKhe intando ukuba nabani na ukuba alahleke, kodwa kuyintando yaKhe ukuba asindise wonk’umntu,” kodwa Wayazi kwasekuqalekeni ukuba ngubani ebayakusinda nobengasayi kusinda. Seso isizathu sokuba Yena abenokuthi kwantlandlolo, “*Le* into iyakwenzeka. *Leya* into iyakwenzeka,” okanye, “*Oku* kuyakuba *kokuya*. *Lo* umntu uyakuba yila *ndlela*.” Yabona?

<sup>10</sup> Waye enako ukuyazi kwantlandlolo ngoba Yena akanasiphelo. Ukuba niyayazi oko isingisele kuko, kukuba nje, “akukho kwanto Yena angayaziyo.” Yabona, Yena uyazi. Kakuhle, akukho kwanto kususela phambi kwexesha, kwaye nasemveni kokuba ixesha lingasekho, yabona, Yena usengowazi zonke izinto. Yonk’into isengqondweni yaKhe. Kwaye ngoko njengokuba noPawulosi etshilo kumaRoma, esesi-8 nese-9 isahluko, “Ngoko ke Yena usasolelani na phofu?” Ke thina siyayibona lonto, kodwa uThixo . . .

<sup>11</sup> Njengokushumayela iVangeli. Othile wakha wathi, “Mzalwane uBranham, uyakukholelwa Okuya?”

Mna ndathi, “Khangela.”

Wathi, “Umelwe kukuba ungumKalvini.”

Ndathi, “Ndinguye umKalvini kuphela xa ubuKalvini bukhona eBhayibhileni.”

<sup>12</sup> Ngoku, kukho isebe eMthini, elo bubuKalvini, kodwa kusekho namanye amagatya eMthini, kananjalo. Umthi unamagatya angaphezulu kwesinye. Wayefuna nje ukuyiqweqwedisela ngaphaya ukuya kolwaNaphakade uKhuseleko, uze emva kwethuba udlulele kusindo lweHlabathilonke uze ulahle uphumele ngaphandle phaya ndaweni ithile, akukho siphelo kuyo. Kodwa wakubugqiba ubuKalvini, buyela emva apha uze uqalise kubu Armini. Yabona, kukho elinye isebe eMthini, kunye nelinye isebe eMthini, qhubekeka nje. Iyonke lonto ihlangene yenza uMthi. Ke ndiyakholelwa ku—kubu . . . kubuKalvini ngelithuba bona busahleli esiBhalweni.

<sup>13</sup> Kwaye ndiyakholwa ukuba uThixo wayazi kwangaphambi kokusekwa kwehlabathi, wakhetha iBandla laKhe kuKristu, waza wamxhela uKristu kwangaphambi kokusekwa kwehlabathi. IsiBhalo sitsho kanjalo, “Yena waye eyiMvana kaThixo eyaxhelwa kwasekusekweni kwehlabathi.” Yabona? Kwaye uYesu wathi Wasazi thina kwangaphambili kokusekwa kwehlabathi, uPawulosi wathi, “Yena—Yena wasazi waze wasimisela ukuze senziwe oonyana ngaye uYesu Kristu kwangaphambili kokuba ihlabathi libe liyabunjwa.” Lowo ke nguThixo. Lowo nguBawo wethu. Yabona?

<sup>14</sup> Ke musa ukuxhalaba, amavili ajikeleza nje kakuhle, yonk’into iza nje ngokusexesheni. Into enye nje, kukuba, ungene

ekujikeni komjelo. Kwaye oko kuko—kuko okona kulungileyo malunga nayo, ngoko uyazi ukuba kusetyenzwa njani xa ungena ekujikeni komjelo.

<sup>15</sup> Ngoku, qaphela ngoku, “Izipho kunye nobizo zingaphandle kwenguquko,” kungalondlela yodwa endathi ndakwazi—ndakwazi ngokwesiBhalo ukubeka ubizo lwam lwaseNkosini. Kwaye ndiyathemba ukuba ndikunye nabahlobo ngobubusuku abayakuqonda ngokuqinisekileyo oku kwaye bangacingi ukuba ibhekisele kubuqu bomntu, kodwa nibenokuqonda futhi nazi nje oko ku—oko iNkosi ikuthethileyo ukuba Yona yokukwenza, nize nifumane okuthile okuhambayo nize nilandele kona oko.

<sup>16</sup> Ngoku, ekuqalekeni, into yokuqala endingaze ndiyikhumbule ngumbono. Into yokuqala endinako ukuyikhumbula ngengqondo yam ngumbono endawunikwa yiNkosi. Kwaye oko kwakukweminzi, emininzi iminyaka eyadlulayo, ndandiseyencinane kakhulu inkwenkwana. Kwaye ndandinelitye esandleni sam.

<sup>17</sup> Ngoku, ndicela uxolo, ndikhumbula xa ndandinxibe ilokhwe ende. Andazi nokuba na nina (nabani na apha kuni) kukho omdala ngokokude akhumbule xa amakhwenkwana ayedla ngokunxiba ezinde zona ilokhwe. Bangaphi ngaphakathi apha abasakhumbulayo xa abantwana babenxiba, ewe, ezinde ilokhwe? Kakuhle, ndisakhumbula, kungqu-phantsi wam omncinane apho sasihlala khona, ndandikhasa emgangathweni. Kwaye yayingothile, andazi ukuba yayingubani na, wangena. Kwaye uMama wayenze elincinane—elincinane eliluhlaza iqhina lukohombisa elokhweni yam. Ndaye mna ndingekakwazi nakakuhle ukuhamba. Kodwa ndandikhasa ngoko, ndaze ndabeka umnwe wam kwikhephu elalisezinyaweni zabo, ndaye ke ndisitya ikhephu elo laliselunyaweni olumi ecaleni kweziko, esotha. Ndikhumbula umama endifunqula ngokundixhakamfula ngenxa yoko.

<sup>18</sup> Kwaza ngoko elandelayo into endiyikhumbulayo, kumelwe kube kanti kwakuyiminyaka emibini emva koko, ndandiphethe ilitye elincinci. Kwaye oko kunokundenza ndibe kanti ndandimalunga nesithathu seminyaka ubudala, kwaye umninawa wam yena ngoko wayenokuba nje namalunga nento engekasidibanisi isibini seminyaka ubudala. Kwaye ke sasingaphandle ngasemva apha esizeni apho kwakukho nje endala yokucandela iyadi nalapho babedla ngokuzisa iinkuni baze bazicandele khona iinkuni ezo. Bangaphi abasazikhumbulayo ezontsuku xa kwakudla ngokurhuqelwa iinkuni ngasemva kweyadi zize zicandelwe khona? Bekutheni ndize ndifake iqhina khona ngokuhlwa nje? Ndi—ndisekhaya kanye.

<sup>19</sup> Ngoko xa bona...Ngaphandle phaya kule indala iyadi yokucandela kwaye kukho omncinane umfula owawusehla

phaya, uvela kwiliso lomthombo. Kwakukho omdala onje ngeselwa umngxuma phezulu phaya emthonjeni nalapho besiye sikhelelele khona amanzi ethu size siwagalele kwendala ibhekile, eyakudala yomsedare ibhekile, size sehle nawo.

<sup>20</sup> Ndikhumbula xa ndandigqibelisa ukubona owam omncinane, nowayeselemdala umakhulu ngaphambi kokuba asweleke, wayenekhulu elineshumi leminyaka ubudala. Kwaye xa wayesweleka, ndamfunqula ndamanga ngoluhlobo kanye nje phambi kokuba asweleke. Wajikelisa iingalo zakhe zandirhangqa, waze wathi, “UThixo awusikelele umphefumlo wakho, sithandwa, ngoku nanganaphakade,” ekuswelekeni kwakhe.

<sup>21</sup> Kwaye andiqondi nokuba lamfazi wakha wabanazo i—izihlangu ezizezakhe, ebomini bakhe. Kwaye ndikhumbula ndimbukele, nangethuba ndandisele ndingumfana oselula, bendiye ndihle ukuya kubabona, qho ekuseni ebavuka, abethe ngeenyawo zakhe, anqumle kwelokhephu esinge emthonjeni, akhe ibhekile yamanzi abuye nawo, iinyawo zakhe ziphakathi kulo. Ke alikwenzakalisi, yena waphila wade wabanekhulu elineshumi. Ke (ewe, mhlekazi) yena wayegqithisile, kakhulu ngobungwanyalala, kananjalo.

<sup>22</sup> Ke ngoko ndikhumbula ukuba waye ezakundixelela malunga nezikatata wam iimayibhile awayedlala ngazo xa waye eseyinkwenkwe. “Olosizana lwento endala,” ndacinga, “uzakufikelela njani bethu phezulu kulamdeko wokubeka izinto?” Omncinane, nomagumbi mabini umkhukhu, kwaye unomdeko wokubeka izinto phezulu phaya. Kwaye benamagatya omthi amabini anqunyulweyo, kunye neleli eyenziweyo, yokunyuka. Kuhle, ndatsho . . .

<sup>23</sup> Kuhle, ngoku, wathi yena, “Ngoku, emva kwesidlo sasemini ndizakuxelela, ndikubonise ezika—ezikayihlo iimayibhile.”

Ndaze mna ndathi, “Kulungile.”

<sup>24</sup> Ke yena waye ezakundibonisa zona, zisetyesini kwigumbi eliphezulu apho wayegcina khona izinto ezizezakhe njengokuba abantu abadala besenza. Ndaza ndacinga, “Kungaze kwenzeke njani bethu ukuba olwasizana ludala lukwazi ukunyuka kulaleli?” Ke ndajikela ngaphaya ndaze ndathi, “Makhulu,” ndathi, “ngoku, khawume, sithandwa, ndizakunyuka apha ndize ndikuncede.”

<sup>25</sup> Yena wathi, “Yithi gu ecaleni.” Wagwencela kuloleli wenyuka ngathi kunyuka i-squirrel. Waza wathi, “Kulungile, khawuze!”

Ndaze mna ndathi, “Kuhle ke, Makhulu.”

<sup>26</sup> Ndacinga, “Owu, bethu, ukuba nje ndinoze ndibenjeya, okungako kona ukomelela endinako kodwa ndibe ndinekhulu elineshumi lonke leminyaka ubudala!”

27 Ngoku, ngoko ndikhumbula ndikulomthonjana wakudala, ndaye ndiphethe ilitye kwaye ndiligibisela phantsi kanjalo, eludakeni, ndizama ukubonisa umninawa wam ukuba ndandomelele kangakanani na. Kwaye kukho intaka ichophe phezulu emthini kwaye yayiziculela nje, iqhwaya ijikajika, iluhlobo lwencinane yakudala i-robin okanye into enjalo. Kwaye, le-robin incinane, ndandicinga ukuba ithetha nam. Kwaye ndaguquka ndaze ndaphulaphula, yaza loontaka yabhabha yemka, laza iZwi lathi, “Wena uyakuchitha ingxenye enkulu yobomi bakho kufutshane nesixeko esibizwa i-New Albany.”

28 Leyo yayizimayile ezintathu ukusuka apho ndakhulela khona. Saya, malunga nonyaka kamva, ukuya kuloo ndawo, ndingenalo nofifi lokuba ndandiyakuze ndiye. . . eNew Albany. Lonke ithuba apha ebomini, indlela ezo zinto. . .

29 Ngoku, khangela, abantu bakuthi babengengomakholwa. Utata nomama babengahambi nkonzo. Ngaphambili koko, babengamaKatolika.

30 Umtshana wam omncinane ehleli apha ndaweni ithile ngokuhlwanje, ndiyaqikelela, andazi. Yena ulijoni. Ndiyamthandazela. UngumKatolika kwayena, use ngumKatolika. Kwaye izolo ngokuhlwa, xa ebelapha waze wazibona ezo zinto zikaThixo, ebeme kanye phaya eqongeni. Uye wathi, eme phaya, waze wathi, “Malum’uBill?” Ebesoloko ephesheya kolwandle ixesha elide, wathi, “Xa ndibone okuya. . .” Wathi, “Okuya—okuya akwenzeki kwinkonzo yamaKatolika.” Uthe, “Okuya. . . ndi—ndiyakholwa, Malume uBill, unyanisile,” watsho.

31 Ndaze ndathi, “Sthandwa, ayindim onyanisileyo, nguYe onyanisileyo. Yabona, *nguYe* onyanisileyo.” Waza ke wathi. . . mna ndathi, “Ngoku, andikuceli ukuba wenze kwanto, Melvin, kodwa nje khonza iNkosi uYesu Kristu ngentliziyo yakho yonke. Yiya naphi na apho ufuna ukuya khona. Kodwa qiniseka ukuba entliziyweni yakho uYesu Kristu uzelwe ngokutsha, yabona, entliziyweni yakho. Ze uye kuyo nokuba yeyiphi inkonzo emva koko.”

32 Ngoku, kodwa abantu abaphambi kwam bebefudula bengamaKatolika. Utata wam ungum-Irish kwaye nomama wam waye engum-Irish. Indawo enye apho liqhawuke khona igazi lobu-Irish, ngumakhulu wam yena wayeliNdiya leCherokee. Umama wam yena nje umalunga nokuba ngumxube. Kwaye ke ngoko ndi. . . kum, sesam. . . kwesethu isizukulwana, emva kwesithathu seyinyamalale yaphela. Kodwa olo lulo lodwa uqhawulo lokuba ndibe ngongangxengwanga um-Irish, uHarvey noBranham yayingabo bodwa igama. Kuze eveni koko yayingu-Lyons, nosekwangum-Irish. Kwaye bonke babengamaKatolika.

Kodwa okukokwam, zange sabanalubeqesho lwankolo okanye imfundiso konke konke, ebuntwaneni.

<sup>33</sup> Kodwa ezo zipho, lamibono, ndandibona imibono kanye ngoko kanje ngokuba ndisenza ngoku, injalo lonto, ngenxa yokuba izipho nobizo zingaphandle kwenguquko. Kululwazi lukaThixo, uThixo esenza into ethile. Kuko konke ukwehla ngobomi bendikade ndisoyika ukuthetha nantonina malunga naso.

<sup>34</sup> Nilifundile ibali lam kulancwadana ibizwa ngokuba *UYesu Kristu Nguye Izolo, Namhlanje, NaPhakade*. Ndinga ukuba likwenye yezincwadi, ezinye ezi. Ingaba kunjalo, Gene? Lingaba likule, iqhelekileyo—eqhelekileyo incwadi, kwi—kwincwadi esinayo ngoku? Yiyo le ithi, *IBali loBomi?* Ndinga ukuba yiyo. Saza saba ne... Ayimbanga nalonto? Incwadi zam, ndibe mna ndingazange ndazifunda, ngokwam. Kodwa mntu wumbi uyazibhala zona, ke ngoko yinto abathe bayithatha emhlanganweni. Besele ndidlule kulonto, ke ndisoloko ndikhangela into ethile enyenyane ukuba yenzeke. Ke, ngoko, zilungile, Ndizifundile iindawo ezithile zazo ngoku, apha naphaya, nje ndakuba ndifumana ithuba.

<sup>35</sup> Kwaye ngoku, nakanjani, njenge—njengenkwenkwe eselula, niyawazi umbono ukuba wathetha kanjani nam, ndandimalunga nesixhenxe seminyaka ubudala, waza wathi, “Musa ukusela okanye utshaye okanye udyobhe umzimba wakho nangayiphi na indlela, kuyakubakho umsebenzi ekumele uwenze wakuba mdala.” Kwaye nakuya oko kuxelwe encwadini. Kulungile, injalo lonto. Konke ukuza yaqhubeka isenzeka.

<sup>36</sup> Xa ndathi ndaba ngumlungiseleli, kakuhle, ngoko yona—ngoko yona yaqalisa ngenene ukwenzeka maxa onke.

<sup>37</sup> Kwaye ngobunye ubusuku ndabona iNkosi yethu uYesu. Ndikuthetha oku ngemvume, ndiyakholwa, evela kuMoya oyiNgcwele. INgelosi yeNkosi ethi ize ayisiyiyo iNkosi uYesu. Ayifani nofana naYe kulambono mnye. Ngoba, umbono endawubonayo weNkosi uYesu, waYe eyiNdoda encinci. Waye enga... ndaye ndingaphandle entsimini, ndithandazela utata wam. Ndaze ndabuyela ngaphakathi kwakhona ndaya kulala, kwaye ngobuya busuku ndamjonga ndaza nda—ndathi, “Owu Thixo, msindise!”

<sup>38</sup> Umama wayesele esindisiwe ndaza ndambhaptiza. Ngoko ndacinga, “Owu, utata wam esela kangaka.” Ndaza ndacinga, “Ukuba nje ndingaze ndimenze amkele iNkosi uYesu!” Ndaphuma, ndangqengqa phezu kwencinane yakudala i-pallet phandle kwigumbi langaphambili, kufuphi nomnyango.

<sup>39</sup> Yaza Into ethile yathi kum, “Vuka.” Ndaze ndavuka, ndahamba, ndabuyela kulantsimi ingemva kwam, endala yotyani lwemitshayelo intsimi.

40 Kwaye apho, emi kumphakamo ongedlulanga kwishumi leenyawo ukusuka kum, kumi iNdoda; ithe wambu ingubo emhlophe, uMfo omncinci; iingalo zaKhe zisongiwe kanje; iindevu, zibumfutshanerha; iinwele zehle zaya kuma emagxeni aKhe; kwaye waYe ejonge bucala ukusuka kum, *kanjeya*; isimo esikhangeleka sizele luxolo. Kodwa andizange ndibenako ukuyiqonda, indlela iinyawo zaKhe, elinye nje emva kwelinye. Waye nomoya ubhudla, ingubo yaKhe iphephezela, utyani luvuthuzwa.

41 Ndacinga, “Ngoku, khawume umzuzu.” Ndaziluma. Ndathi, “Ngoku, andikho buthongweni.” Ndaze ndatsalela phantsi, ndatsalela phantsi intwana yolwatyani, niyazi, ndanqothula okunje ngomcinga wokuvungula kulo. Ndawufaka emlonyeni wam. Ndanyeka ndikhangela ngasendlwini. Ndathi, “Hayi, bendilapho ndithandazela utata wam, kwaza Okuthile kwathi phumela apha, kwaye apha naku kumi leNdoda.”

42 Ndacinga, “Leya ikhangeleka njengeNkosi uYesu.” Ndacinga, “Kazi akangebi nguye na?” Wayejonge nje ngqo, egqale kwicala apho indlu yethu imi khona ngoku. Ke ndahambela ndibujikela *ngapha* ukuze ndibone ukuba andinakuMbona na. Kwaye ndandinakho ukubona icala lobuso baKhe ngolwahlobo. Kodwa Yena...kwafuneka ndijikele *ngale* ndlela ukuze ndiMbone. Ndaze ndathi, “Uhm!” Zange imshukumise Yena tu. Ndaze ndacinga, “Ndiyakholwa ndizakuMbiza.” Ndaza ndathi, “Yesu.” Waze xa Yena wenzayo, Wabheka *ngolwahlobo*. Kuphelele apho endikukhumbulayo, Yena wolula nje iingalo zaKhe.

43 Akukho namnye umzobi ehlabathini onokuzoba umfanekiso waKhe, izimilo zobuso baKhe. Owona ungcono endakha ndawubona ngulowa kaHofmann *Intloko ka Kristu enamaShumi maThatu-anesiThatu*, ndinawo kuzo zonke iincwadi nayo yonke into endiyisebenzisayo. Kungokuba leya ikhangeleka nje ngayo, kwaye ke ngoko...okanye nje ngokusondeleyo, nje ukusondela enokuba nako.

44 Wayekhangeleka kanje, ngeNdoda, ukuba waYenokhe athethe, ihlabathi laliyakuphela, noko kunjalo enoluninzi uthando nobubele ude wena—wena...ndasuka nje ndaxethuka. Kwakuba kusile, ndazifumana nje ekuqhekekeni kwemini, ihempe yokulala imanzi tixi ziinyembezi, xa ndathi ndabuyela kum, ndihamba, ndibuya ukunqumla kulontsimi yotyani lomtshayelo, ndigoduka.

45 Ndaxelela umlungiseleli ongumhlobo wam. Yena wathi, “Billy, Oko kuya kukuphambanisa.” Wathi, “Lowo ngumtyholi.” Waza wathi, “Musa ukudlalela kwinto enje ngaleyo.” Ndandingumlungiseleli waseBhaptizi ngelo xesha.



46 Kwalunga, ndadlulela komnye umhlobo wam wakudala. Ndahlala phantsi ndambalisela malunga naYo. Ndathi, “Mzalwane, ucinga ntoni malunga Noko?”

47 Yena wathi, “Kahle, Billy, ndizakuxelela.” Wathi, “Ndikholelwa ekubeni ukuba unokuzama ukugcina ubomi bakho, wena nje shumayela lento iseBhayibhileni apha, ubabalo lukaThixo njalo njalo, bendingekhe ndiphumele ukulandela into egqwesileyo, into ethile elolohlobo.”

48 Mna ndathi, “Mhlekezazi, andibi ndiphumela ukulandela into ethile egqwesileyo.” Ndathi, “Kuphela ndizama ukufumanisa ukuba iyintoni na lento.”

49 Wathi yena, “Billy, kwiminyaka edlulileyo babefudula benazo ezo zinto emabandleni. Kodwa,” wathi, “xa bathi bathi baphela abapostile, nezozinto zaphela kunye nabo.” Waza wathi, “Ngoku okuphela kwento esinayo ena... naluphi na uhlobo lokubona ezo zinto,” wathi, “yimimoya, amadimoni.”

Ndathi, “Owu Mzalwane uMcKinney, ukutsho ngenene oko?”

Wathi yena, “Ewe, mhlekazi.”

Ndathi, “Owu Thixo, yibanetarhu kum!”

50 Ndathi, “Ndi—Ndi...Owu, Mzalwane uMcKinney, ubungenakukhe—ubungenakukhe uzibandakanye nam emthandazweni ukuze uThixo angaze aphinde ayivumele ukuba indehlele? Uyazi ukuba ndiyaMthanda kwaye andifuni kubanasiphoso kwezi zinto.” Ndathi, “Thandaza kunye nam.”

51 Wathi yena, “Ndiya kwenjenjalo, Mzalwane uBilly.” Saza ke sabanomthandazo kanye apho kulo—kolondlu yesifundisi.

52 Ndabuza iqela labalungiseleli. Into ekwanye ibiye ize. Ndaza ndoyika ukubabuza, ngoba babeya kucinga ukuba ndingusathana. Ke nda—ndandingafuni kuba njalo. Ndandisazi entliziyweni yam ukuba into ethile yenzekile. Ngoku, kuphelel’ apho, kwakukho—kwakukho okuthile entliziyweni yam okwakwenzekile. Kwaye ndandingafuni kuba njalo, tu.

53 Ke kamva eminyakeni, ndeva ngenye imini ezantsi kwibandla leBhaptizi yokuQala apho ndandililungu khona ngelo xesha, Ndeva ubani esithi, “Uthi, ubumelwe kukuba uyile ngaphaya uyokuva abaya baqengqeleki bangcwele izolo ebusuku.”

54 Ndaze mna ndacinga, “Abaqengqeleki abangcwele?” Waza umhlobo wam, uWalt Johnson, ocula ibhesi, kunye nam sathi, “Ibiyintoni leyo, Mzalwane uWalt?”

Yena wathi, “Igquba lalamaPentekoste.”

Ndathi, “Intoni?”

55 Yena wathi, “amaPentekoste!” Wathi, “Billy, ukuba awuzange ukubone okuya,” wathi, “bebeqengqeleka

emgangathweni ngolwahlobo kwaye bexhuma-xhuma.” Waza wathi, “Bathe kufuneka bandembezele ngahlobo luthile lolwimi olungaziwayo okanye babe—babengasindiswanga.”

Ndaze mna ndathi, “Iphi apho ikhoyo lonto?”

<sup>56</sup> “Owu,” watsho, “kumhlangano wentente wakudala ngaphaya, kwelinye icala le-Louisville.” Ndathi, “Ngabantu abantsundu, kakade.”

Ndaza mna ndathi, “Eh-he.”

Waza yena wathi, “Kukho abaninzi abantu abamhlophe phaya.”

Ndathi, “Bebeyenza lonto, nabo?”

Wathi, “Ewe, ewe! Bebeyenza, nabo.”

<sup>57</sup> Ndathi, “Iyahlekisa lonto, abantu bazixube kwinto enje ngaleyoy.” Ndathi, “Phofu, ndiyaqikelela simelwe kukubanazo ezo zinto.” Ngentsasa yangeCawa, andisoze ndiyilibale lonto. Wayesitya isuntswana elomileyo lexolo le-orenji ngenxa yokuqunjelwa abe enako, kwaye ndiyibona kakuhle ngokunga ibiyizolo. Ndaze ndacinga, “Ukundembezele, kuxhunywaxhunywa, hlobo luni lwenkolo abazakulufumana alulandelayo?” Ndaza ke nda—ndaqhubeka ndemka.

<sup>58</sup> Kamva ukusuka koko, ndadibana nexhego elilapha ebandleni mhlawumbi ngoku, okanye belilapha ngaphesheya enkonzweni, nogama linguJohn Ryan. Ndaye ndadibana naye endaweni. . . Umfo omdala oneendevu ezinde neenwele, kwaye usenokuba ulapha. Ndandicinga ukuba wayesuka e-Benton Harbor phezulu apha, kwiNdlu kaDavide.

<sup>59</sup> Kwaye babenendawo e-Louisville. Ndandizama ukubafumana abo bantu, kwaye babeyibiza ngokuthi siSikolo sabaProfeti. Ke ndacinga ukuba ndiyakuya ngaphaya ndize ndibone ukuba yayiyintoni na leya. Kakuhle nje, mna andizange ndibone mntu uqengqeleka phantsi, kodwa babeneemfundiso ezithile ezingaqhelekanga. Kwaye kulapho apho ndathi ndadibana nelixhego, wandimemela ukuba ndiye endlwini yakhe.

<sup>60</sup> Ndenyuka ke ndisiya kwikhefu. Ndaye ndiphaya usuku olunye, ndaze ndabuyela emva kwindlu yakhe kwaye wayesele emkile, kwaye wayeye kweny’indawo ezantsi e-Indianapolis. Kwathiwa, “INkosi imbizile,” kwatsho umfazi wakhe.

Ndathi, “Uthetha ukuba uvumela landoda induluke nje ngolohlobo?”

<sup>61</sup> Yena wathi, “Owu, usisicaka sikaThixo!” Usizana oludala lusweleke kwiiveki ezimbalwa ezidlulileyo, ndiyeva. Kwaye waye ezinikezele kuye. Bethu, olo luhlobo lomfazi lokubanalo! Injalo lonto. Elungile okanye engalunganga, ulungile nakanjani! Ndathi. . . Kakuhle, ndandisazi ukuba babe. . .

62 Ngokuyena...uMzalwane uRyan, ingaba ulapha? Akekho apha. Ebekhona ngenye imini, akunjalo, makwedini?

63 Ke, bona nje baphila ngalonto bakwazi ukufika kuyo bayifumane, kwaye wayengenanto yakudla endlwini. Injalo lonto. Ndaye ndandibambise buntlanzana equleni, okanye isiziba, e-Michigan, ndaye ndibuya ndisehla—ndaze ndehlela ezantsi kulandawo. Kwaye babengenalo nefutha endlwini, okanyei-oli, yokupheka lontlanzi ngayo. Ndaza ndathi, “Ukushiye kungekho kwanto endlwini?”

Wathi, “Owu, kodwa usisicaka sikaThixo, Mzalwane uBill!”  
Wathi, “Yena...”

64 Ndaza ndacinga, “Kulungile, isikeleleke intliziyo yakho endala. Mzalwane, ndiyakuma kanye nawe.” Injalo lonto. “Ucinga kangako ngomyeni wakho, ndikulungele ukuzibandakanya ndize ndime nawe ngenxa yoko.” Injalo lonto. Sidinga abanye abafazi acinga ngabafazi bawo ngolohlobo. Injalo lonto. Ibiyakuba yiMelika engcono ukuba abayeni nabafazi bebenokumanyana ngolohlobo. Belungile okanye bengalunganga, hlalani nabo. Bekungasayi kubakho luqhawulo-mitshato lungaka.

65 Ke thina—besiye e...Ndaze ndemka. Ndaze endleleni egodukayo, kwabayinto engaqhelekanga, ndehla ndanqumla e-Mishawaka. Ndaza ndabona ezincinane—ezincinane zakudala iimoto ngoku, zimiswe esitratweni, zibizwa...amaxwebhu amakhulu kuzo esithi, “UYesu Yedwa.” Ndacinga, “Itheth’ uku... ‘UYesu Yedwa,’ okuya kumele ukuba kanti kokwenkolo.” Ndaze ndadlulela apha naku kuzibhayisekile nazo zinawo kuzo, “UYesuYedwa.” Ii-Cadillacs, iiModel-T Fords, yonk’into, “UYesu Yedwa” kuzo. Ndacinga, “Kahleni, inoba oku kuyintoni?”

66 Ke ndayilandela ukujikeleza; ndisiya kuyiqonda, yaye ingumhlangano wezenkolo, iwaka elimakhulu mahlanu ukuya kumawaka amabini abantu apho. Ndaze ndeva konke ukuba kokho ukukhwaza kunye nokuxhuma-xhuma, nokuqhubeka. Ndacinga, “Yithi, apha kulapho ndizakubona khona ukuba yintoni umqengeleki ongwele.”

67 Ke ndaye ndine-Ford yam endala, niyazi, endandibanga ukuba iyakwenza amashumi amathathu emayile ngeyure, ishumi elinesihlanu *ngapha* kunye neshumi elinesihlanu phezulu-na-phantsingale ndlela. Ke ndarhuqela bucala ndema, nda...xa ndafumana indawo yokupaka, ndaza ndahamba ngeenyawo ukwehla ngendlela. Ndangena, ndalaqaza, waye wonk’umntu emile kwabo bakwaziyo ukuma. Kwafuneka ndijonge ngaphezulu kweentloko zabo. Baye bekhwaza, bekhuma, besiwa, kwaye beqhubeka. Ndacinga, “Uwhoo, uhm, bantu bani na aba!”

68 Kodwa ngokuya kusibakudala ndimi apho, ndaya ndiziva ngocono. Ndacinga, “Okuya kukhangeleka kulungile.” Ndacinga, “Akukho kwanto iphosakeleyo ngaba bantu. Abashiywa ziingqondo.” Ndakwazi ukuthetha nabanye babo, ke baye—baye bengabantu abaphilileyo. Ke ndathi . . .

69 Ke, ngoku, yayikwa nguloo mhlango endaya kuwo ndaza ndahlala ubusuku bonke ngobo busuku, ndaze ngengomso ndangena. Kwaye nindivile ndibalisa lonto kwibali lobomi bam. Ndaye ndiseqongeni kunye nekhulu elinamashumi amahlanu, okanye amakhulu amabini abalungiseleli, mhlawumbi nangaphezulu, kwaye babefuna ukuba wonke umntu aphakame nje aze achaze apho wayesuka khona. Ndaza mna ndathi, “UMvangeli uWilliam Branham, e-Jeffersonville,” ndahlala phantsi, “UmBhaptizi,” ke, ndahlala phantsi. Elowo ngamnye exela apho babevela khona.

70 Ke ngalantsasa ilandelayo xa ndangenayo phaya . . . ndalala emasimini ubusuku bonke ngobabusuku, ndacinezela ibhulukhwe yam phakathi kwezibini izitulo ze-Ford, niyazi, ndaze nda—nda . . . eyakudala ibhulukhwe ye-seersucker, isikitshana, niyazi. Ke ngentsasa elandelayo ndaya emhlanganweni, ndinxibe isikitshana sam. Ndaza ndaya . . .

71 Ndandingenanto kuphela iziidola ezintathu, kwaye kwakufuneka ndiqwebe amafutha oneleyo okundigodusa. Ndaze ngoko nda—ndazifumanela amaqebengwana athile, nawayesele emadalarha noko, niyazi, kodwa ndandingenangxaki. Ndaze ndaya kumbhobho, ndazifumanela i-glass yamanzi, niyazi, kwaye zabamandi kakhulu. Ke ndaye ndawamanzisa kancinane, ndaza ndanesidlo sakusasa.

72 Ngoku, ngendandityile kunye nabo, ngoku, babesidla kabini ngemini. Kodwa ndandingenanto yokubeka emnikelweni, ke ndandingenaku—ndandingenakuba mfimfitha ke.

73 Ke ngoko nda—ngoko ndangena apho ngalantsasa, bathi . . . ndizawukhe ndibalise lendawana yayo. Ndaza ndangena apho ngala ntsasa, baza bona bathi, “Sikhangela uWilliam Branham, umvangeli oselula obelapha eqongeni izolo ebusuku, umBhaptizi.” Bathi, “Sifuna ukuba asiphathele umyalezo ekuseni nje.” Ndabona ukuba kwakuzakundinzimela, elaqela labantu, mna ndibe ndingumBhaptizi. Ke ndavele nje ndagontsha apha esitulweni sam. Ndandinxibe ibhulukhwe ye-seersucker kunye nesikhipha; uyazi, saye sasinxiba ndilisekileyo thina, ke . . . Ndaza ndahlala bungqiyama esitulweni kanje. Ke wabuza kabini okanye kathathu. Kwaye ndandihleli ecaleni komzalwane ontsundu.

74 Kwaye isizathu sokuba bayibambele emaNtla ingqungquthela yabo, kungokuba ucalucalulo lwalusekhona emaZantsi. Ke babengenako ukuyibambela emaZantsi.

75 Ke ndamangaliswa kukuba yayiyintoni lo “Yesu Yedwa” eyayimalunga nako. Ndaza ndacinga, “Okok nje inguYesu, konke kulungile. Ke ayenzi mahluco nokuba yi. . . nokuba injani, okok nje inguYe.”

76 Ke ndahlala apho ithutyana ndababukela, baza ke bakhwaza amanye amabini okanye amathathu amatyeli. Waza lomzawlwane untsundu wajonga kum, wathi, “Uyamazi?” Nda—nda—nda. . .Yayingamanqam. Zange ndibenakuyiqhatha londoda, ndandingafuni kwenza njalo.

Ndathi, “Jonga, mzawlwane. Ewe, ndiyamazi.”

Yena wathi, “Kulungile, yiya kumbiza.”

77 Ndathi, “Kahle, ndi—ndizakuxelela, mzawlwane,” Ndathi, “Ndinguye. Kodwa, uyabona,” Ndathi, “jonga, ndi. . . lebhulukhwe ye-seersucker.”

“Nyuka yiya phaya.”

78 Ndaza ndathi, “Hayi, andinako ukuba ndingaya phaya,” ndatsho, “ndinxibe lebhulukhwe, ngoluhlobo, nesisikitshana.”

Wathi, “Aba bantu abakhathalelanga ukuba waze wanxiba njani.”

79 Ndaza ndathi, “Kulungile, jonga, ungabisayiphatha. Uyeva?” Ndathi, “Yabona, ndinxibe lebhulukhwe ye-seersucker, andifuni kunyukela phaya.”

Kwathiwa, “Ingaba ukho umntu omaziyo ukuba uphi uWilliam Branham?”

Yena wathi, “Nanku apha! Nanku apha!”

80 Owu, bethu! Ubuso bam bubomvu ngenene, niyazi; ndingafakanga neqhina, uyazi; kwaye nesisikitshana sidala, uyazi, imikhono emincinane ngoluhlobo. Ndaza ndahamba ndisiya phezulu phaya, iindlebe zam zishushu. Ndandingazange ndasondela embokweni wokuthetha.

81 Kwaye ke kwafuneka ndishumayeke apho, ndaza ndathatha umxholo, andisoze ndiwulibale, “Indoda esisityebi yaphakamisa amehlo ayo esihogweni, yaza yakhala.” Mna, amaxesh amaninzi, ndishumayela ezincinci ezintathu izinto ngoluhlobo, “Yiza, ubone indoda,” “Uyakholwa wena yilento?” okanye “Waza yena wakhala.” Ndaqhubeka ndimane ndisithi, “Akukho zintyatyambo, waza wakhala. Kungekho mihlangano yakuthandaza, waza wakhala. Akukho bantwana, wasuka wakhala. Akukho zingoma, waza wasuka wakhala.” Ndasuka nam ndakhala.

82 Ke emva kokuba konke kudlule, kutheni, bethu, basuka nje. . .bonke bandingqonga, befuna ukuba ndiye kubabambela umhlangano. Ndaza ndacinga, “Ingabi, mhlawumbi ndingongcwele umqengqeleki!” Yabona? Ke

ndacinga, “Mhlawumbi . . .” Yabona, baye bengabantu abalunge kakhulu.

<sup>83</sup> Ndahamba ke ndaphuma. Indoda enxibe amaqaza anxietywa ngabelusi beenkomo, kunye nomkhulu umnqwazi wabelusinkomo, ndathi, “Ungubani?”

Yena wathi, “NdinguMdala *uZibani-bani* ovela eTexas.”

Ndacinga, “Kulungile, oko bekukhangeleka . . .”

<sup>84</sup> Omnye umfo weza enxibe ezibhulukhwana zincinci zeknicker-bocker, uyazi, kwakudla ngokudlalwa ngazo igalufa, kunye nezi jezana zibusikipharha. Yena wathi, “NdinguMfu. *Zibani-bani* ovela eFlorida. Ubungenakukhe uze kubamba . . .”

<sup>85</sup> Ndacinga, “Ndisekhaya ngqo, kwedini, lebhulukhwe ye-seersucker kunye nesikhipha. Zilunge nje kakuhle.”

<sup>86</sup> Ke, naliva ibali lobomi bam ngazo ezo zinto, ke ndizakunqumama apha ndize ndinixelele into endingazanga ndanixelela ngaphambili. Eyokuqala into, ndifuna ukunicela . . . bendizakukutsiba okuya. Andizange ndikuthethe ngaphambili esidlangalaleni, ebomini bam. Ukuba uyandithembisa uba uyandithanda kwaye uzakuzama ukundithanda kwangolohlobo emva kokuba ndithethe oku njengoba ndisenza phambi kokuba ndiyithethe, phakamisa isandla sakho. Kulungile. Eso sisithembiso sakho, ndizakukubophelela kuso.

<sup>87</sup> Ndhleli emhlanganweni ngobuya ubusuku, xa babethi bacule iingoma zabo babeye baqhwaqha izandla zabo. Kwaye babeye bacule, “Nda . . .” Langonyana ithi, “Ndazi ukuba kwakuliGazi. Ndazi ukuba kwakuliGazi.” Kwaye babeye babaleke banyuke besihla phakathi kwezitulo, nayo yonke into, kwaye nje bekhwaza futhi bedumisa iNkosi. Ndacinga, “Lento ivakala kamnandi kakhulu kum.” Ndaqalisa . . .

<sup>88</sup> Kwaye lonke ixesha babebhekisa kwiZenzo, iZenzo 2:4, iZenzo 2:38, iZenzo 10:49, konke oko. Ndacinga, “Khawuthi, esosisiBhalo! Mna nje ndandingazange ndiSibone ngolohlobo ngaphambili.” Kodwa, owu, intliziyo yam yayivutha, noko kunjalo, “Oku kuyamangalisa!” Bendinga ukuba baligquba laba qengqeleki abangeweke xa bendidibana nabo okokuqala, ndaze ndacinga, “Owu, bethu! Ngoku baliqela leengelosi.” Yabona, ndaguqula ingqondo yam ngokukhawuleza.

<sup>89</sup> Ke ngentsasa elandelayo xa iNkosi yathi yandinika elithuba likhulu lokuba ndibambe lemihlangano, ndacinga, “Owu, bethu, ndizakuzidibanisa neligquba labantu! Olu kumelwe lube kanti lolwahlobo babedla ngokulibiza ‘amaWisile akhwazayo.’ Nto nje ahambele phambilana,” ndacinga. “Mhlawumbi yilonto into abayiyo.” Ke ndacinga, “Kulungile, ndi . . . ndiyithanda ngokuqinisekileyo lonto. Owu, kukho okuthile endikuthandayo ngabo, bathobekile futhi balungile.”

<sup>90</sup> Ke inye into endandingenako ukuyiqonda yayikokwa kuthetha ngeelwimi, leyo yandifumana. Kwaye nda . . . Kwaye kukho enye indoda, masithi, ihleli *apha* ibe enye ihleli *phaya*, kwaye la ayengabakhokheli beqela. *Le* ibiye iphakame ize ithethe ngeelwimi, *le* yona ibiye izitolike yaye ixele izinto malunga nomhlangano njalo njalo. Ndacinga, “Bethu, whew, kufuneka ndifunde ngale!” Ke ngoko bebeye batshintshiselane, yehle *kulo* ize iphinde ibuyele kwakomnye *lowa*; kwaye ngamnye ebeye athethe ngeelwimi, atolike. Ibandla lilonke beliye lithethe, kodwa akuzange kukhangeleke ngathi ingcaciso iza nje ngala mabini amadoda. Ngoku, ndabona ukuba ahlala ngokusondeleleneyo, ndacinga, “Owu, bethu, bafanelw’ukuba baziiNgelosi!” Ke ngelithuba ndisahleli emva phaya . . .

<sup>91</sup> Nokuba yayiyintoni leyo (niyazi) andizange ndibe nakuyiqaphela, Yona ibithi ifike kum. Kwaye ndinendlela yokwazi izinto ukuba iNkosi ifuna ndizazi, niyayazi. Ndaye andi . . . Seso isizathu sokuba ndithi andikuphefumli oku, zange ngaphambili esidlangalaleni. Ukuba ndifuna ukufumanisa nantoni na, iNkosi iqhele ukundixelela malunga nezi zinto. Sesalonto isipho, uyabona. Ke awunako ukuvele nje ugibisele lonto phambi kwabantu, ijika ibekukulahla iiperile zakho phambi kweehagu. Siyinto ehloniphekileyo, into engcwele, kwaye akufuni ukuyenza lonto. Ke, uThixo ebeya kundithwalisa uxanduva. Njengokuthetha ebazalwaneni njalo njalo, andinakuze ndizame ukufumanisa into engcolileyo ngomzalwane.

<sup>92</sup> Ngathuba lithile ndihleli etafileni kunye neny’indoda, yona ijikelise ingalo yayo kum, yathi, “Owu Mzalwane uBranham, ndiyakuthanda.” Ndabe ndisiva into ethile ishukuma. Ndamjonga. Kwakungamelanaga ade andixelele lonto; ndayazi ukuba wayengenjalongo, yabona, ngoba nako apho yayikho. Waye engowenene umhanahanisi, ukuba khwakhe kwabakho okhoyo, yabona, kwaye kanye apho enengalo yakhe ibhijeliswe kum.

<sup>93</sup> Ndathi, “Kuhle, kulungile,” ndahamba ndemka. Andifuni kukwazi oko. Ndinga nje ndingamazi ngendlela endimazi ngayo, njengomzalwane wam, ndize ndiyiyeke ihambe ngolohlobo. Ndiyekele kuThixo enze okuseleyo kwayo. Yabona? Kwaye andifuni ku . . . andazi, funi kuzazi ezo zinto.

<sup>94</sup> Kwaye amaxesha amaninzi kwezi zinto, akukho apha ebandleni. Ndiyakube ndihleli egumbini, ndihleli kwindawo yokutyela, aze uMoya oyiNgcwele andixelele izinto ezizakwenzeka. Abantu balapha kanye abayaziyo ukuba yinyaniso leyo. Ndikhe ndithi ndihleli ekhayeni lam ndize ndithi, “Ngoku, lumka, kukho imoto ezayo emva kwethuba. Iyakube *ingothile-thile* umntu. Uze ubangenise, ngokuba iNkosi ithe bazakube belapha.” “Xa sisihla ngendlela, kuyakubakho izinto *ezithile* eyakwenzeka. Uqwalasele xa uwela phaya, ngoba

uzakuphantse ugiliswe.” Kwaye uze ujonge nje ukuba akuyi kuba njalo na, yabona, lonke ixesha, nje ngokugqibeleleyo! Ke awufuni kuzijula kakhulu kuyo lonto, ngoba usenoku. . . Yona—yona i. . . Usenokuyisebenzisa, isisipho sikaThixo, kodwa kufuneka uqwalasele ukuba wenzani na ngaso. UThixo uyakukuthwalisa uxanduva.

<sup>95</sup> Jonga uMoses. UMoses waye eyindoda ethunywe nguThixo. Niyakholwa yilonto? Enyulwe kwangaphambili, wamiselwa kwangaphambili, waza wenziwa umprofeti! Waza uThixo wamthuma phandle phaya, wathi, “Hamba uthethe neliwa,” emva kokuba lalisele libethiwe. Wathi, “Hamba uthethe neliwa, kwaye liyakunika amanzi alo.”

<sup>96</sup> Kodwa uMoses, enomsindo, wabaleka waya phaya walibetha iliwa. Amanzi akazange eze, walibetha kwakhona, wathi, “Bavukeli ndini! Sinikhuphele amanzi kweliliwa na?”

<sup>97</sup> Uyabona into uThixo awayenzayo? Amanzi aphuma, kodwa wathi, “Nyukela apha, Moses.” Eso yabasisiphelo sayo, yabona. Kufuneka uziqwalasele ezo zinto, ukuze wena. . . into oyenzayo ngeziphopho eziNgcwele.

<sup>98</sup> Kanje ngomshumayeli, olungileyo onamandla umshumayeli, aze aphume ashumayeleye nje ukufumana iminikelo nemali, uThixo uzakumthwalisa uxanduva ngalonto. Injalo kanye. Kufanele uqwalasele into oyenzayo ngeziphopho eziNgcwele. Kwaye, okanye uzame ukwenza ubungqanga obuthile obukhulu okanye elikhulu igama esenzela ibandla elithile, okanye azenzele yena igama elikhulu. Ndinokusuka ndibenomhlango ubusuku obubini okanye obuthathu ndize ndiyosebenza ndaweni ithile iyenye, ndibe ngothobekileyo, ndihlale ndiphantsi. Kwaye niyazi ukuba ndithetha ukuthini. Ewe, mhlekazi, yiba ngosoloko egcine indawo yakhe apho uThixo anokwazi ukubeka khona isandla saKhe kuwe.

Obu buBomi bangaphakathi ngoku, khumbula.

<sup>99</sup> Ke ngoko ngalo umhla, ndacinga, “Kahle, ndizakuhamba ndinyuke.” Kwaye ndandothusiwe ngabo bantu, ndacinga, “ndizakufumanisa malunga nalomadoda.” Ndaze ke ngaphandle eyadini ndasoloko ndikhangelana nawo emva kokuphuma kwenkonzo. Ndakhangelana ndijikeleza. Ndafumana omnye wabo, ndathi, “Kunjani, mhlekazi?”

<sup>100</sup> Yena wathi, “Kunjani kuwe!” Wathi, “Ingaba ungulamshumayeli mncinane ebeshumayela ekuseni nje?”

Mna ndathi. . . ndandimashumi mabini anantathu eminyaka ubudala ngoko. Ndathi, “Ewe, mhlekazi.”

Waza wathi, “Ungubani igama lakho?”

Ndathi, “ndinguBranham.” Ndabuya ndathi, “Elakho?”

<sup>101</sup> Waza wandixelela igama lakhe. Ndaza ndacinga, “Kulungile, ngoku, ukuba nje ndingakhe ndiqhagamshelane



nomoya wakhe ngoku.” Abe yena engazi ukuba ndandisenza lonto. Ndaze ndathi, “Kulungile, mandithi, mhlekazi,” ndathi, “nina bantu niNokuthile apha endingenako mna.”

Wathi yena, “Wakha wamfumana uMoya oyiNgcwele sukela wakholwayo?”

Mna ndathi, “Kahle, ndingumBhaptizi.”

<sup>102</sup> Wathi, “Kodwa wakha wamamkela uMoya oyiNgcwele wakholwayo nje?”

<sup>103</sup> Ndaza ndathi, “Khahle, mzalwane, uthetha ukuthini?” Ndathi, “Andi—andinayo lento nina nonke ninayo, leyo into ndiyayazi!” Ndathi, “Ngoba nineNto ethile ekhangeleka inamadla kwaye ke . . .”

Wathi, “Wakha wathetha ngeelwimi?”

Ndaza ndathi, “Hayi, mhlekazi.”

Wathi, “Ndizakuxelela ngokukhawuleza wena awunaye uMoya oyiNgcwele.”

<sup>104</sup> Ndaza ndathi, “Kulungile, ukuba ndi . . . ukuba kuthabatha lonto ukuze ufumane uMoya oyiNgcwele, mna andinaYe.”

<sup>105</sup> Waza ke wathi yena, “Kulungile, ukuba awuzange uthethe ngeelwimi, awunaye Yena.”

<sup>106</sup> Kwaye ngokugcina incoko yakhe ngalondlela, ndathi, “Kulungile, ndingaMfumana phi?”

<sup>107</sup> Wathi, “Ngena egumbini phaya uze uqalise ukufuna uMoya oyiNgcwele.”

<sup>108</sup> Kwaye ndathi ntsho kuye, uyazi. Wayengazi ukuba ndenza ntoni, kodwa yena . . . ndayazi ukuba unemvakalelo encinci engaqhelekanga, ngoba wa . . . amehlo akhe aqalisa ukungcwenga kancinci njengoko wayejonge kum. Waza wa . . . Kodwa yena waye engowenene umKristu. Yena waba ngokuqinisekileyo, ongokupheleleyo, umKristu. Injalo lonto. Kulungile, ndacinga, “Makadunyiswe uThixo, natsi apho Yona ikhoyo! Ndi—ndi—ndifanelwe kukuya kwesasibengelelo ndaweni ithile.”

<sup>109</sup> Ndaphuma, ndakhangela konke jikelele, ndicinga, “Ndizakufumana nenye leya indoda.” Kwaye xa ndamfumanayo ndaze ndaqalisa ukuthetha naye, ndathi, “Kunjani, mhlekazi?”

<sup>110</sup> Wathi yena, “Khawutsho, ukhonza kweyiphi icawa?” Wathi, “Bandixelela ukuba ungumBhaptizi.”

Ndathi, “Yebo.”

Waza yena wathi, “Awukabinaye uMoya oyiNgcwele, andithi?”

Mna ndathi, “Kahle, andazi.”

Wathi, “Wakha wathetha ngeelwimi?”

Ndathi, “Hayi, mhlekazi.”

Wathi, “AwunaYe ke.”

<sup>111</sup> Ndaza ndathi, “Kulungile, ndiyazi ukuba andinayo lento nina nonke ninayo. Ndiyakwazi oko.” Ndaza ndathi, “Kodwa, mzalwane wam, ndiMfuna ngenene.”

Wathi, “Kulungile, naliya—naliya ichibi, lilungile.”

<sup>112</sup> Mna ndathi, “Ndandibhaptiziwe. Kodwa,” Ndathi, “andi—andiyamkelanga lento nina nonke ninayo.” Ndathi, “Nina ninokuthile endi—endikufuna ngenene.”

Waza yena wathi, “Kahle ke, oko kulungile.”

<sup>113</sup> Ndandizama ukumbambisela, uyabona. Kwaye ukuba ndi...Xa ekugqibeleni ndathi ndawufumana umoya wakhe, ngoku, le yayiyenye indoda, ukuba ndakha ndathetha noyena wakha waphantsi umhanahanisi, lowo yayingomnye wabo. Wayehlala...Umfazi wakhe waye enentloko emnyama, yena wayehlala noneenwele ezigwangqa futhi enabantwana ababini kuye. Esela, eqalekisa, ehamba izirhoxo, nayo yonke into eyenye, kodwa ephaya phakathi ekwathetha ngeelwimi aze aprofete.

<sup>114</sup> Ndaze ndathi, “Nkosi, ndixolele.” Ndagoduka. Injalo lonto. Ndathi, “Ndizakufumana nje...andinako ukuyiqonda le. Ibikhangeleka njengosikelelekileyo uMoya oyiNgcwele usihla, kwaye, kulamhanahanisi.” Ndathi, “Ayinakuba njalo! Kuko konke oko.”

<sup>115</sup> Ngalo lonke elithuba lide ngoko, mna ndifunda kwaye ndilila, ndicinga ukuba ndingakhe ndiphume kunye nabo mhlawumbi ndingafumanisa ukuba yayimalunga nantoni na. Nanku omnye, engumKristu wenene; aze omnye, abe ngumhanahanisi wenene. Ndaze ndacinga, “Kuyini na oku? Owu,” Ndathi, “Thixo, mhlawumbi—mhlawubi kukho isiphoso kum.” Ndaza ndathi, ekubeni ndingulowo uthabatha izinto ngalondlela zibhalwe ngayo, “Okuya ku...ndifanelwe kukuba ndikubone eBhayibhileni. Imele ukuze ibekho.”

<sup>116</sup> Kum, yonke into eqhubekayo imele kukuphuma kuleBhayibhile kungenjalo iphosakele. Imele kukuba iphume Apha. Inokungqinisiswa eBhayibhileni, hayi nje kwindawo enye, kodwa imelwe kukuba ize yonk’indlela ukunqamleza iBhayibhile. Ndimelwe kukuyikholwa. Imelwe kukuba ibenje ngesisila sehobe ize inxibane ngokudibeneyo naso sonke iSibhalo okanye andiyikholwa. Kwaye ngoko, ngokuba uPawulosi wathi, “Ukuba ingelosi evela eZulwini iyeza, ishuyayela nayiphina engenye ivangeli, yona mayisingelwe phantsi.” Ke ndikholelwa iBhayibhile.

Kwaye ndathi, “Andizange khe ndibone naye efana nalanto eBhayibhileni.”

<sup>117</sup> Kwiminyaka emibini kamva, emva kokuba ndilahlekelwe ngumfazi wam nento yonke, ndandiphezulu phaya eGreen’s

Mill, kwindawana yam yakudala phezulu phaya, ndithandaza. Ndandisele ndiphaya emqolombeni wam iintsuku ezimbini okanye ezintathu, kwakuziintsuku ezimbini. Ndaphuma ukuya kufumana ukuphefumla kancinci, khe ndibethwe ngumoya. Kwaye xa ndandihamba ndiphuma apho, iBhayibhile yam yayihleli ngaphandle phaya esiphelweni sesiqobo njengokuba ungena. Umthi omdala uwawuwiswe ngumoya, unefolokhwe kuwo. Ngoku, nina... Unefolokhwe iphakame *ngoluhlobo*, wona umthi ulele phantsi. Kwaye ndandihleli ndingxabalaze kweso siqobo, ndize ndilale apho ebusuku, ndijonge phezulu esibhakabhakeni kanjeya, isandla sam silele phezulu *ngoluhlobo*, ngamanye amaxesha ndingene ebuthongweni ndilale kanye phandle kwesosiqobo kanjalo, ndithandaza. Bendiye ndibelapho iintsuku eziliqela, nje ndingadli okanye ndisele, kuphela ndithandaza. Kwaye ndaphuma ukuze ndibethwe ngumoya, ngaphandle kwaloomqolomba; kwakupholile, kwaye kufumile ngaphakathi phaya.

<sup>118</sup> Ke ngoko ndaphumela phandle nako kulele iBhayibhile yam apho ndandiYishiye khona ngezolo, kwaye yaye ivuleke kumaHebhere, kwesesi-6 isahluko. Kwaye ndaqalisa ukufunda apho, “Masithi sishiye...sidlule...sidlulele kwelokukhula, singabuyi siseke ngeloguquko emisebenzini efileyo nokukholwa kuThixo,” njalonzalo. “Kuba akwenzeki kubo abo bebekhe bakhanyiselwa, benziwa basiva isipho sasamazulwini, nobizo,” njalonzalo. Kodwa yathi, “Kodwa ameva neenkunzane lowo ukufutshane nengqalekiso, nesiphelo sawo...amanzi...imvula iza futhi phezu komhlaba ukuze iwunxibise ize iwulungise ngenxa yabo aba—abo bakufutshane nengqalekiso, benameva neenkunzane, besiphelo sisa ekutshisweni.”

Kwaza Okuthile kwathi, “Whoooooossh!”

<sup>119</sup> Ndacinga, “Nantsi ke Yona. Ndizakuva ngoku nantoni na Yena...Yena undivusile apha, Ulungiselela ukundinika umbono kanye ngoku.” Ndalinda apho kweso siphelo seso siqobo, ndalinda. Ndaphakama ndahamba ndisiya emva naphambili, phezulu naphantsi. Ndabuyela khona, akwenzeka nto. Ndabuyela emqolombeni wam kwakhona, akwenzeka nto. Ndema apho, ndacinga, “Kahleni, yintoni le?”

<sup>120</sup> Ndaya eBhayibhileni yam kwakhona, ndaze, oh, Yandongamela kwakhona. NdaYiphakamisa, ndaze ndacinga, “Yintoni elapho Yena afuna ndiyifunde?” Ndaqhubeka ndifunda ukwehla malunga ne “nguquko kuThixo, nokholo,” njalonzalo, ndaza ndafunda ukwehla apho Ithe, “Imvula eza futhi phezu komhlaba ukuwunxibisa ize iwulungisele oko ubenzelwe bona, ngoba apha, kodwa ameva neenkunzane ezikufutshane nengqalekiso nesiphelo sazo sisa ekutshisweni.” Ndaze, owu, Ibiye nje indixikixe!

<sup>121</sup> Ndaza ndacinga, “Nkosi, ingaba Uzakundinika umbono wantoni. . .” Ndandiphezulu phaya ukuya kuMcela nto ithile iyenye.

<sup>122</sup> Kwaza konke ngesaquphe, phambi kwam, ndabona ihlabathi liqengqeleka, kwaye lonke lithiwe tyaba lalucwecwe. Kwaye naku kuhamba indoda enxibe mhlophe, iqwanyile, ihlwayela iiMbewu kanje. Yaza yakuba imkile, kweza, nje isandula kusithela ngaphaya kwenduli, naku kusiza indoda emva kwayo, inxibe ezimnyama, ijonge phantsi, ihlwayela iimbewu. Kwaze xa iiMbewu ezilungileyo ziphuma, kwaba yingqolowa; kwathi xa iimbewu ezimbi ziphuma, zabalukhula.

<sup>123</sup> Kwaza kwafika imbalela enkulu emhlabeni, yaza ingqolowa yathokombisa intloko yayo yajinga, nje ngokunga iyatshabalala, ifuna amanzi. Ndaza ndabona bonke abantu bephakamise izandla zabo, bethandaza kuThixo ukuba athumele amanzi. Ndaza kwa oko ndabona ukhula, luthokombise intloko yalo, luqubudel’amanzi. Kanye ngoko nje amafu amakhulu anqamleza nemvula yaphokoka. Kwaye xa yenzayo, langqolowa incinci ibikade igobile yathi, “Whish,” yema nkqo. Lwaza nokhula oluncinane obelusecaleni kwayo lwathi, “Whish,” lwema nkqo.

Ndacinga, “Kahle, yintoni naleya?”

<sup>124</sup> Kwa oko Yeza kum. Nantso apho ikhoyo. Imvula enye ethi ikhulise ingqolowa, ikwayiyo ekhulisa ukhula. Kwaye uMoya oyiNgcwele omnye unako ukwehla kwigquba labantu, kwaye usikelel’ umhanahanisi ngohlobo nje olunye othi Usikelele abanye. UYesu wathi, “Ziziqhamo zabo eniya kubabona ngazo.” Ingekuko ukuba uyakhwaza, okanye uyagida, kodwa “ziziqhamo zakhe oyakumazi ngazo.”

<sup>125</sup> Ndathi, “Nako apho ukhoyo!” “Ndiyifumene, Nkosi.” Ndathi, “Ngoko okuya kuyiNyaniso ngenene.” Le ndoda. . . Usenokuba nazo izipho ube ungamazi uThixo.

<sup>126</sup> Ke ngoko nda—ngoko ndandisiba nokugxeka kakhulu ukuthetha ngeelwimi, niyabona. Kodwa ngenye imini, ngoko, indlela uThixo awakungqinela ngayo oko kum!

<sup>127</sup> Ndandibhaptiza ezantsi emlanjeni, abaguqulwa bam bokuqala, kuMlambo i-Ohio, yayingumntu weshumi elinesixhenxe endandimbhaptiza, ndisaqalisa ukumbhaptiza, ndathi, “Bawo, njengokuba yena ndimbhaptiza ngamanzi, Wena mbhaptize ngoMoya oyiNgcwele.” Ndaqalisa uku—ukumtywilisela emanzini.

<sup>128</sup> Kwaza kanye ngeloxesha uqhwithelo lweza luvela emazulwini phezulu, nako kusiza okuya kuKhanya, kukhazimla kusehla. Amakhulu ngamakhulu abantu elunxwemeni, kanye ngeyesibini intsimbi emva kwemini, ngoJuni. Yaze Yajinga kanye phezu kwalapho ndandikho. IZwi lathetha lisuka apho, lathi, “Njengokuba uYohane umbhaptizi wathunyelwa

ukuzakwandulela ukuza kokuqala kukaKristu, wena uno... unoMyalezo ozakuzisa ukwandulelwa koKuza kwesiBini kukaKristu.” Kwaye kwaphantse ukundothusela ekufeni.

<sup>129</sup> Ndaza ndabuyela umva, kunye nabo bonke abantu apho, a—amadoda angabanyibilikisi nabo bonke babo, abathengisi bamayeza, nabo bonke enxwemeni. Ndandibhaptize malunga namakhulu amabini okanye amathathu ngala mvakwemini. Kwaye xa bathi bandikhupha, bendirhuqela ngaphandle emanzini, amadikoni njalonjalo enyuka, andibuza, athi, “Bekuthetha ukuthini okwakuKhanya?”

<sup>130</sup> Iqela elikhulu labantu abantsundu abavela kwibandla lase—eGilt Edge Baptist kunye nase-Lone Star ezantsi phaya, kwaye uninzi lwabo lwalulapho, baqalisa isikhalo xa bathi babona oko kwenzekayo, abantu besifa isiqaqa.

<sup>131</sup> Intombazana endazama ukuyikhupha esikhitshaneni apho, ihleli apho inxibe isuti yokuqubha, utishalakazi wesikolo seCawa webandla, ndaza ndathi, “Ubungenakukhe uphume na, Margie?”

Yena wathi, “Billy, akunyanzelekanga ndide ndiphume.”

<sup>132</sup> Ndathi, “Injalo lonto, akunyanzelekanga, kodwa bendiyakuba nentlonipho eyaneleyo kwiVangeli ngokude ndishenxe apho ndibhaptizela khona.”

Yena wathi, “Andinyanzelekanga ndenze oko.”

<sup>133</sup> Kwaye xa wayehleli phaya, ekrukrutheka futhi endihleka ndibhaptiza, ngoba wayengakholelwa ekubhaptizweni, ke ngoko xa iNgelosi yeNkosi yehlayo wakekelela ngaphambili kweso sikhephe. Namhlanje lontombazana ikwindawo yabagula ngengqondo. Ke awunako nje ukuba ungalalisa ngoThixo. Yabona? Ngoku, emveni koko... Intombazana entle, yayakusela emva koko, waze wabethwa ngebhotile, ye—yebhiya ibhotile, yabusika bonke ubuso bayo ukwehla. Owu, owoyikekayo ngenkangeleko umntu! Kwaye apho oko kwenzeka.

<sup>134</sup> Kwaye ngoko konke ukwehla ebomini bendiyibona lonto, ndiyibona ihamba, ndibone lamibono, indlela ezozinto bezisenzeka ngayo. Ngoko, kwithutyana emveni koko, Yathi gqolo indihlupha kakhulu, wabe wonke umntu endixelela ukuba aYichananga. Ndanduluka ukuya kwisikhundla sam, phezu phaya apho ndasoloko ndithandazela khona. Kwaye nda... Kwakungakhathaliseki nokuba ndithandaza kangakanani ndicela Okuya ukuba kuze kum, Ibiye ize nakanjani na. Kwaye ke nje nda...ndandi—ndandingusomahlathi weSizwe sase-Indiana. Kwaye ndangena, kwabe kukho indoda ihleli apho, umzalwane wombethi wohadi emnqubeni. Waza wathi, “Billy, ubungenakukhe uphalise kunye nam ukuya eMadison ngalemvakwemini?”

Mna ndathi, “Andizukwazi, kufuneka ndiye phezulu ebuhlathini.”

<sup>135</sup> Ndaye bendi . . . ndijikele nje endlwini ndisakhulula ibhanti lam, ibhanti lompu nezinto, kwaye ndidophola imikhono yam. Saye sihlala kwencinci enamagumbi amabini indlu, kwaye ndandizaku hlamba ndize ndizenzele into edliwayo. Ndakuba ndihlambile, ndisahamba ukujikela ecaleni kwendlu, phantsi ko—komkhulu umthi wemapile, kwaza ngesaquphe Okuthile kwathi, “Whuuussssh!” Kwaye ndaphantse ndawa isiqaqqa. Ndajonga, ndabe sendisazi ukuba yiLeya kwakhona.

<sup>136</sup> Ndahlala kulomanyathelo, waze watsiba ephuma emotweni yakhe wabaleka esiza kum, wathi, “Billy, uyayoba?”

Ndathi, “Hayi, mhlekazi.”

Wathi, “Yintoni undonakele, Billy?”

<sup>137</sup> Ndaza ndathi, “andazi.” ndathi, “Qhubeka uhambe nje wena, mntakwethu, kulungile. Enkosi.”

<sup>138</sup> Inkoskazi yam yaphuma isiza nejagi yamanzi, waza wathi, “Sithandwa, yintoni ingxaki?”

Ndathi, “Akukho nto, sithandwa.”

<sup>139</sup> Ke yena wathi, “Yiza ngoku, ukudla kulungile,” waze wajikelisa ingalo yakhe kum, ezama ukundingenisa.

<sup>140</sup> Ndathi, “Sithandwa, ndi—ndifuna ukukuxelela into ethile.” Ndathi, “Bafonele ubaxecelele ukuba andizukuphuma ndiye phaya kule imvakwemini.” Ndathi, “Meda, sithandwa,” ndathi, “Ndiyazi ukuba entliziyweni yam ndithanda uYesu Kristu. Ndiyazi ukuba ndidlule ekufeni ndangena eBomini. Kodwa andifuni ukuba umtyholi abenayo nantoni na yakwenza nam.” Ndaza ndathi, “Andinakho ukuqhubeka ngoluhlobo; ndilibanjwa.” Ndathi, “Lonke ixesha, xa lento iqhubeka isenzeka, izinto ezinjeya, kunye nalemibono ifika, njalonjalo ngolwahlobo. Okanye, nokuba iyintoni na,” Ndathi, “yenzeka kum.” Ndandingayazi ukuba ngumbono. Ndandingayibizi nokuba ingumbono. Ndathi, “La maphutshana kanje,” ndathi, “Andiyazi ukuba yintoni leyo. Kwaye, sithandwa, andi—andi—andi—andifuni kwenza buyatha nayo, ba—bandixelelele ukuba ingumtyholi. Kwaye ndithanda iNkosi uYesu.”

<sup>141</sup> “Owu,” yena watsho, “Billy, akufanelanga ukuba umamele into abantu abakuxelela yona.”

<sup>142</sup> Ndathi, “Kodwa, sithandwa, jonga abanye abashumayeli.” Ndathi, “Andi—andiyifuni.” Ndathi, “Ndizakuya endaweni yam ematyholweni. Ndinamalunga needola ezilishumi elinesihlanu, uze umnakekele uBilly.” UBilly wayeseyinkwenkwana ngoko, umfo omncinci kakhulu. Ndathi, “Wena—thatha . . . Oko kunanele wena noBilly ukuze niphile kuko, ithutyana. Bafonele ubaxecelele ukuba ndi—ndizakubuya ngomso, kwaye ndisenokungaze ndibuye. Ukuba andikabuyi kwiintsuku

ezintlanu, fakani indoda endaweni yam.” Ndaza ndathi, “Meda, andisokuze ndiphume kulamatyholo de uThixo andithembise ukuba Uyakuyisisa lanto imke kum ize ingaze ibe iphinde yenzeke kwakhona.” Cinga nje okokungazi umntu anokuba nako!

<sup>143</sup> Ndaza ndenyukela phaya ngobabusuku. Ndabuyela ngaphakathi kulomkhukhwana mdala, phambi kokuba kube lusuku olulandelayo; kwakusele kubusemva kwexesha. Ndandizakuya ndinyukele enkampini yam ngengomso, phezulu kwi...kude ekujikeleni intaba, okanye induli, gxebe, ndize ndinyukele ematyholweni apho. Andiqondi ukuba i-F.B.I. yayinokundifumana phezulu phaya. Ke lomkhukhwana mdala...ndandithandaza yonke loo mvakwemini naphambi kokuba kurhatyele. Bendiye ndithandaze, ndandifunda phaya eBhayibhileni apho Ithi, “UMoya wabaprofeti ululamela umprofeti.” Ndandingakuboni kakuhle oko. Ke kwabamnyama kakhulu kulomkhukhwana mdala.

<sup>144</sup> Apho ndandidla ngokuthiya khona xa ndandiseyinkwenkwe, ndandinentambo yokuthiya iphumela apho, ndize ndinyukele phaya ndilobe ndize ndihlale ubusuku bonke. Yayingomdala ovukuvuku umkhukhu omncinci uhleli khona phaya, wawulapho iminyaka. Mhlawumbi wayengowomhlali othile ngaphambi kokuba ube yilonto.

<sup>145</sup> Ndaye ke ndi—ndilindile nje phaya. Ndaza ndacinga, “Kulungile.” Kwada kwabazizithuba zentsimbi yokuqala, eyesibini, neyisithathu ekuseni, ndandinyuka ndisihla emgangathweni, ndisiya emva naphambili. Ndachopha kwesinye esidala isitulo apho, encinane...hayi isitulo, encinane ibhokisi endala yento. Ndaza ndahlala phantsi apho, ndaza ndacinga, “Owu Thixo, kutheni Usenza lento kum?” Ndathi, “Bawo, Uyazi ukuba ndiyaKuthanda. Uyazi ukuba ndiyaKuthanda! Kwaye andi—andi—andifuni kuphathwa ngumtyholi. Andifuni ukuba ezi zinto zenzeke kum. Nceda Thixo, musa ukuphinda uyivumele ukuba ize yenzeke kwakhona.”

<sup>146</sup> Ndathi, “Ndi—ndiyaKuthanda. Andifuni kuya sihogweni. Kunceda ntoni ukuba ndishumayeke ndize ndizame, ndize ndifake igalelo lam, ukuba kwamna andilunganga? Ndaye andisi mna ndodwa esihogweni, ndikwalahlekisa amawaka abanye.” Okanye, amakhulu abanye, ngaloo mihla. Ndathi... Ndandinolungiselelo olukhulu. Ndaza ndathi, “Kulungile, Andi—andisafuni ukuba lento ize iphinde yenzeke kum kwakhona.”

<sup>147</sup> Ndaza ndahlala kwesi situlwana. Kwaye nje ndisahleli, oh, ngokungathi kuloluhlobo, nje *kanjeya*. Kwaza, ngequbuliso, ndabona ukuKhanya kudanyaza egumbini. Ndacinga ukuba kukho umntu ozayo ephethe ithotshi. Ndalaqaza, ndacinga, “Kahle...” Kwaye nantsi ilapha, kanye phambi kwam. Nezo

zindala iibhodi zeplanga emgangathweni. Kwaye nako Ilapho, kanye phambi kwam. Yayisisitovana esidala segqongo sibekwe ekoneni, umphezulu ukrazukile wasuka kuso. Kwaye—kwaye kanye phakathi *apha* kwakukho u—ukuKhanya emgangathweni phantsi, ndaza ndacinga, “Kahle, iphi lanto? Kahle, le ayinakuba iyeza . . .”

<sup>148</sup> Ndajonga ukujikeleza. Nantso Ilapho ngentla kwam, kwa *oku* kuKhanya kunye, kanye phaya phezu kwam, kujinga kanye *ngolwahlobo*. Kujikeleza isangqa njengomlilo, kubuluhlaza-gwangqa ngebala, kusithi, “Whuush, whuush, whuush!” kanjalo, njengaphezulu kwaKo, kanjalo. Ndaza ndajonga Lonto. Ndacinga, “Yintoni na Leya?” Ngoku, Yandoyikisa.

<sup>149</sup> Ndeva kukho umntu ozayo, [Umzalwane uBranham ulinganisa umntu xa ehamba—Umhl.] ehamba nje, kuphela, engenazihlangu. Ndaza ndabona unyawo loMntu lungena. Kwakumnyama egumbini, konke kuphela iyilandawo Kona kwakukhanyise ngqo phantsi. Ndaza ndabona unyawo loMntu lungena. Waza xa Engena egumbini, wahambela enyuka, Waye eyiNdoda emalunga . . . yakhangeleka ngathi ubunzima bayo ngamakhulu amabini obunzima. Wayenezandla zaKhe zisongiwe *kanje*. Ngoku, ndikhe ndaYibona ikuQhwithelo, ndikhe ndayiva Ithetha nam, ndayibona Ikwimo yokuKhanya, kodwa kwakukokokuqala ukuba ndide ndibone umfanekiso waYo. Yahamba yeza kum, isondele kakhulu.

<sup>150</sup> Ngamahle, ayinene zihlobo, nda—ndandicinga ukuba intliziyo yam iyakuma kum. Nda . . . Khawufane ucinge! Zibeke apha, Ibiya kukwenza uzive kwangalondlela inye. Usenokuba mhlawumbi sowuhambe umgama kunam, usenokuba ubungumKristu ithuba elide, kodwa Ibiyakukwenza uzive kwangolwahlobo. Ngoba emva kwamakhulu namakhulu amaxesha okundwendwelwa, iyandingxwelerha xa Yena esondela. Yona maxa wambi ide indenze ndi . . . ndide ndiphantse ndiyobe, ndivele ndiphelelwe ngamandla xa ndishiya iqonga amaxesha amaninzi. Ukuba ndihleli ixesha elide, zicima pam izibane kum. Bakhe bandiqhube ukujikeleza nam iiyure ezininzi, ndibe ndingazazi nokuba bendiphi. Kwaye andinako ukuyicacisa. Funda apha eBhayibhileni, Yona izakuYicacisa, ukuba iyintoni na. IsiBhalo sitsho njalo!

<sup>151</sup> Ke ndandihleli phaya ndiMjongile. Nda—ndandi busiphakamisa isandla sam *kanjeya*. Yena wayejonge ngqo kum, engumntu othandekayo mpela. Kodwa waYe eneZwi elinzulu ngenene, waze Wathi, “Musa okoyika, ndithunywe ndivela eBukhloneni boThixo Onamandla-onke.” Kwaye xa Wathethayo, elaZwi, yabalilo iZwi elinye nelo lathetha nam ndiseneminyaka emibini ubudala, konke unyuka susela ngoko. Ndayazi ukuba yayi nguYe. Ndaza ndacinga, “Ngoku . . .”



<sup>152</sup> Kwaye yive. Ngokuphulaphula incoko. Ndizakuyicaphula kangangoko ndinokuba nako, ndisazi, igama negama, ngoba akunakuba lula ukuyikhumbula.

<sup>153</sup> Yena...Ndathi...NdaMqwalasela ngolohlobo. Yena wathi, “Musa ukoyika,” ngokuzola nje, wathi, “Ndithunywe ndivela eBukhoneni boThixo Onamandla-onke, ukuza kukuxelela ukuba ukuzalwa kwakho okunga qhelekanga...” Njengoko nisazi ukuba uzalo lwam lwabayintoni phezulu phaya. OkwakuKhanya kunye kwajinga phezu kwam xa ndandizalwa. Waza ke Wathi, “Ukuzalwa kwakho okungaqhelekanga kunye nobomi obungaqondwayo ibikukubonisa ukuba wena uya kuya kulo lonke ihlabathi uthandazele abantu abagulayo.” Wathi, “Akukhathaliseki nokuba bagula yintoni...” Kwaye Yena watyumba. UThixo, OnguMgwebi wam, uyazi. Ukuba, Watyumba “umhlaza.” Wathi, “Nantoni na... Ukuba ubenza abantu bakukholwe, uze unyaniseke xa uthandaza, akukho kwanto eyakuma phambi kwemithandazo yakho, nditsho nkqu nomhlaza.” Yabona, “Ukuba ubenza abantu bakukholwe.”

<sup>154</sup> Ndaze ndabona ukuba Wayengelulo utshaba lwam, Waye enguMhlobo wam. Ndandingazi nokuba—nokuba ndandisifa na okanye kwakusenzeka ntoni xa Wayesondela kum ngolwahlobo. Ndaza ndathi, “Kahle, Mhlekezi,” Ndathi, “Ndingu...” Ndandisazi ntoni malunga neempiliso kunye nezinto ezinjalo, ezo zipho? Ndathi, “Kahle, Mhlekezi, Ndingu...ndi—ndingumntu olihlwempu.” Ndaza ndathi, “Ndiphakathi kwabantu bakowethu. Ndi—ndihlala nabantu bakuthi abangamahlwempu. Andifundanga.” Ndathi, “Kwaye andi—andi—andinawukwazi, abasayi ku—abasayi kundiqonda mna.” Ndathi, “Aba—abasayi—abasayi kundiva mna.”

<sup>155</sup> Waza Yena wathi, “Njengokuba umprofeti uMoses wathi wanikwa izipho ezibini, imiqondiso,” gxebe, “ukungqinela ulungiselelo lwakhe, ke nawe uyakunikwa ezimbini—ke nawe unikwe izipho ezimbini ukuze zingqinele ulungiselelo lwakho.” Wathi, “Esinye sazo siyakuba uyakubamba umntu omthandazelayo ngesandla, ngesakho sokhohlo esabo sibesokunene,” waze wathi, “uze nje ume uzole, siyakuba ne...kuyakubakho imvakalelo ebonakalayo eyakwenzeka emzimbeni wakho.” Waze wathi, “Uze uthandaze. Ize ithi ukuba iyemka, isifo eso simke kubo abantu. Ukuba ayimki, cela nje intsikelelo uhambe umke.”

“Kahle,” Ndatsho, “Mhlekezi, ndinoloyiko lokuba abasayi kundamkela.”

<sup>156</sup> Yena wathi, “Into elandelayo iyakukuba, ukuba bathe abakuva oko, ke bayakukuva oku.” Wathi, “Ngoko kuyakwenzeka ukuba uyazi ncasana imfihlelo yentliziyo yabo.” Wathi, “Oku bayakukuva.”

157 “Kulungile,” ndatsho, “Mhlekezazi, seso isizathu sokuba ndibelapha ngokuhlwa nje. Ndixelelwe ngabefundisi bam ukuba ezo zinto bezisoloko zindifikela bezingalunganga.”

158 Wathi, “Yilonjongo kanye owayizalelwayo kwelihlabathi.” (Yabona, “izipho nobizo zingaphandle kwenguquko.”) Wathi, “Wena wazalelwa kwelihlabathi ngenxa yaloonjongo.”

159 Ndaze ndathi, “Kahle, Mhlekezazi,” Ndathi, “lonto, abafundisi bam bandixela ukuba, ukuba yona—ingumoya ongendawo.” Ndaze ndathi, “Bona . . . Yilonto ndilapha ndithandaza.”

160 Kwaye naku Awandicaphulela kona. Walamanisa kum ukuza kweNkosi uYesu, kwityeli laKhe lokuqala. Ndaza ndathi . . .

161 Okona kwakungaqhelekanga kwaba kukuthi, bahlobo . . . Kahle, ndizakukha ndinqumame apha umzuzu, ndibuye umva. Okona kwandenza ndoyika ngaphezulu kunakuqala, rhoqo ndidibana nomntu ochazayo, bebeye baqonde ukuba okuthile kwenzekile. Babevele nje ba . . . oko kwakuphantse kundibulale.

162 Ngokomzekelo, ngenye imini umzala wam nam sasisehla sinqumla ku—kumabala emiboniso, kwaye sisi sengamakhwenkwe nje, sizihambela. Ke kwakukho omncinane wakudala umchazi ehleli apho kwenye yezo nte, inenekazi eliselula, elihle ngenkangeleko lona inenekazi eliselula, wayehleli apho. Kwaye thina sonke sizihambela, sidlula. Yena wathi, “Khawutsho, wena, sondela apha umzuzu!” Saza thina makhwenkwe sobathathu saguquka. Waza wathi, “Wena onesikhipha esinemigca.” Lowo yayindim.

163 Ndaza ndathi, “Ewe, nkosazana?” Ndandicinga ukuba mhlawumbi wayefuna ndiye kumfunela i-Coke, okanye into ethile eyenye ekwanjalo. Kwaye waye e—elinenekazi eliselula, mhlawumbi esandula kugqiba amashumi amabini, okanye into ethile, ehleli apho. Ndaza ndaya, ndathi, “Ewe, nkosazana, ndingakwenzela ntoni?”

164 Yena wathi, “Khawutsho, ubusazi na ukuba kukho u—ukuKhanya okukulandelayo? Wena wazalelwa phantsi kophawu oluthile.”

Ndathi, “Uthetha ukuthini?”

165 Wathi, “Ewe, wena wazalwa phantsi komqondiso othile. Kukho ukuKhanya okukulandelayo. Wena wazalelwa oluNgewele ubizo.”

Ndathi, “Suka umke apha, mfazindini!”

166 Ndaqalisa ukuqhubeka ndisimka, ngoba umama wam wasoloko endixelela ukuba ezo zinto zizezikamtyholi. Wayenyanisile. Ke mna . . . Oko kwakundoyikisa.

167 Ngenye imini ngexa ndandise ngusomahlathi, ndandinyuka ebhasini. Ndaze ndakhwela ebhasini. Ndandisoloko ndikhangeleka njengonemimoya. Ndandime apho, kwaye

lo matiloshe wayeme emva kwam. Ndaye ndisiya kugada, ndandisya phezule kwi-Henryville Forestry, ndikhwele ebhasini. Ndaqhubeka ndisiva okungaqhelekanga okuthile. Ndalaqaza jikelele apho, kwaze nako ku—kuhleli apho omkhulu osidudla umfazi, enxibe kakuhle. Wathi, “Kunjani?”

Ndathi, “Kunjani kuwe!”

<sup>168</sup> Ndandicinga ukuba ngumfazi nje, niyayazi, oncokolayo, ke mna ndagcina nje... Yena wathi, “Ndingathanda ukuthetha nawe umzuzu nje.”

Ndathi, “Ewe, nkosazana?” Ndaguquka.

Wathi yena, “Ubusazi na ukuba wena wazalwa phantsi komqondiso?”

<sup>169</sup> Ndacinga, “Omnye wabo bafazi batenxileyo.” Ke mna nje ndaqhubeka ndijonge phandle. Ndaza ke andathetha kwalizwi, ndaqhubeka nje. . .

<sup>170</sup> Yena wathi, “Ndingathetha nawe umzuzu nje?” Ndavele nje. . . Wathi, “Musa ukwenza ngolohlobo.”

<sup>171</sup> Ndaqhubeka ndijonge phambili. Ndacinga, “Oku ayikuko okunokwenziwa linene.”

Wathi, “Ndingathanda ukuthetha nawe nje okomzuzu.”

<sup>172</sup> Ndaqhubeka nje ndijonge phambili, ndingamhoyanga kwayena. Ngokungqalileyo ndacinga, “Ndiyakholwa ndizakukhe ndibone ukuba uzakuthetha njengabanye na.” Ndaguquka, ndacinga, “Owu, bethu! Oko kuya kundingcangcazelisa, ndiyazi.” Ngoba, ndandikuthiyile ukucinga lonto. Ndaguquka.

<sup>173</sup> Wathi yena, “Mhlawumbi kungcono ndizicacise.” Wathi, “Ndingofunda ngeenkwenkwezi.”

Ndathi, “Ndiyicingile ukuba ubuyinto enjalo.”

<sup>174</sup> Wathi, “Ndisindleleni eya eChicago ukuya kubona unyana wam ongumshumayeli waseBhaptizi.”

Ndathi, “Ewe, nkosazana.”

<sup>175</sup> Wathi, “Ingaba ukho umntu owakha wakuxelela ukuba wena wazalwa phantsi komqondiso?”

<sup>176</sup> Ndathi, “Hayi, nkosazana.” Ndandimqhatha, yabona, ndaza ndathi. . . ndandifuna nje ukubona ukuba wayezakuthini. Waze wathi. . . ndathi, “Hayi, nkosazana.”

Waza yena wathi, “Akuzange. . . Abazange abashumayeli bakhe bakuxelele?”

Ndathi, “Andinakwanto yakwenza nabashumayeli.”

Waza wathi, “Eh-he.”

Ndathi mna. . . yena—yena wathi kum. . . Ndathi, “Kulungile. . .”

177 Wathi, “Ukuba ndinokukuxelela nje ngqo ukuba wena wazalwa nini, uyakundikholelwa?”

Ndathi, “Hayi, nkosazana.”

Yena wathi, “Kulungile, ndingakuxelela ukuba wena wazalwa nini.”

Ndathi mna, “Andiyikholelwa.”

178 Waza wathi yena, “Wena wazalwa ngoEpreli kowe-6, ngo1909, ngentsimbi yesihlanu ekuseni.”

179 Ndathi, “Injalo lonto.” Ndathi, “Uyazelaphi lonto?” Ndathi, “Xelesa lomatiloshe apha ukuba yena wazalwa nini.”

Wathi, “Andinako.”

Ndathi, “Ngoba? Wazi njani?”

180 Wathi, “Jonga, mhlekazi.” Watsho, xa wayeqalisa ukuthetha ngolufundo lweenkwenkwezi ngoku, waza wathi, “Qho emva kwenani elinga leminyaka...” Wathi, “Uyakhumbula xa ikhwezi lokusa lezayo, elo lathi lakhokelela izazi kuYesu Kristu?”

181 Ndaza ndaba buthandabuza, uyazi, ndathi, “Kahle, akukho nto ndiyaziyo ngezenkolo.”

182 Wathi yena, “Kulungile, wakha weva ngezazi ezafikayo zisiza kubona uYesu.”

Ndathi, “Ewe.”

Waze wathi, “Kulungile, yayizintoni izazi?”

“Owu,” ndatsho, “yayingabantu nje abanolwazi, yilonto endiyaziyo.”

183 Wathi, “Kulungile, yintoni isazi?” Watsho, “Yilonto ikwanye mna endiyiyo, i-astrologist, ‘oqwalasela iinkwenkwezi’ babizwa njalo.” Waze wathi, “Uyazi, ngaphambi kokuba uThixo enze nantoni na e—emhlabeni, Yena usoloko eyidandalazisa ezulwini, ize ngoko emhlabeni.”

Ndathi mna, “Andazi.”

184 Waza wathi yena, “Kulungile...” Wakhankanya ezimbini okanye ezintathu, zambini... zantathu iinkwenkwezi, njengoMars, uJupiter, kunye noVenus. Yayingezizo ezo, kodwa wathi, “Zanqamleza iindlela zazo zaze zahlangana zenza...” Wathi, “Yaba zizazi ezintathu ezathi zeza kubona iNkosi uYesu, kwaye esinye sasisuka kumlibo kaHam, esinye kokaShem, size esinye kokaYafethe.” Wathi, “Xa zathi zahlangana eBhetelehem, ezintathu iinkwenkwezi ezazivela... Wonke umntu emhlabeni,” wathi, “banento yokwenza neenkwenkwezi.” Wathi, “Buza umatiloshe lowo xa inyanga icima ize nezinto zesibhakabhaka zisithele, umsinga wokuzala kolwandle awuthi uhambe nayo na ungene.”

Ndathi, “Akufuneki nokuba ndide ndimbuze oko, ndiyakwazi.”

<sup>185</sup> Wathi yena, “Kulungile, ukuzalwa kwakho kunento yokwenza neenkwenkwezi phezulu phaya.”

Ndaze ndathi, “Kahle, leyo andiyazi.”

<sup>186</sup> Waze yena wathi, “Ngoku, ezi zazi zintathu.” Wathi, “Xa zona iinkwenkwezi ezintathu, xa zona . . . Zaphuma zivela kumacala ohlukeneyo zaze zaya kudibana eBhetelehem. Kwaye bathi bafumanisa ngophando, kwaye enye yayiyeyomlibo kaHam, uShem, noYafethe, oonyana abathathu bakaNowa.” Waza wathi, “Baze bafika banqula iNkosi uYesu Kristu.” Wathi, “Xa besimka,” wathi, “beza bephethe izipho baze bazibeka kuYe.”

<sup>187</sup> Waza wathi, “UYesu Kristu wathi kulungiselelo lwaKhe ukuba xa leVangeli ithe yashunyayelwa kulo lonke ihlabathi (abakaHam, kaShem, nabakaYafethe abantu), ngoko Yena uyakubuya kwakhona.” Waza wathi, “Ngoku, ezonkwenkwezi, ezezulu iinkwenkwezi, njengokuba zihamba-hamba . . .” Wathi, “Zathi zohlukana. Azizanga zaphinda zabasemhlabeni susela ngoko, oko zaziwayo. Kodwa” wathi “qho ngeminyaka eminga, zinqamleza izangqa zazo *kanje*.” Ukuba ukukho owazi ngenkwenkwezi apha, usenokuba uyayazi ukuba wayethetha ngantoni. Andazi mna. Ke xa wayetheth- . . . Wathi, “Zinqamleza ngolwahlobo.” Waza wathi, “Njengesikhumbuzo sesona sakha sasikhulu iSipho eso sakha sanikwa uluntu, xa uThixo wanikela ngoNyana waKhe. Xa ezi nkwenkwezi zinqamlezana kwakho, ngoba,” wathi, “Uthumela esinye isipho emhlabeni.” Wathi, “Wena uzelwe ekunqamlezani kwelaxesha.” Wathi futhi, “Seso isizathi sokuba ndiyazi.”

<sup>188</sup> Kulungile, ngoko ndathi, “Nenekazindini, indawo yokuqala, andikholelwa kwanto malunga nayo. Andinankolo, yaye andifuni kuva malunga nayo kwakhona!” Ndahamba ndemka. Ke ndaye ndamqamlela kufutshane. Ke ndaza ndahamba ndaphuma.

<sup>189</sup> Kwaye lonke ixesha nanini . . . ndihlangana nomnye wabo, bekuye kube yilondlela. Ndaza ndacinga, “Kutheni lamadimoni esenza lento nje?”

<sup>190</sup> Ngoko abashumayeli, besithi, “Lowo ngumtyholi! Lowo ngumtyholi!” Bandenza ndade ndayikholelwa.

<sup>191</sup> Ke ngoko ngobobusuku phezulu phaya xa nda . . . xa Yena wathi wabhekisela kokuya, ndaMbuza, ndathi, “Kahle, kutheni lento bonke aba bavumisi nezinto ezinjalo, kunye nabo baphethwe ngumtyholi abantu, besoloko bona bendixelela ngaYo; baze bona abefundisi, abazalwane bam, bendixelela ukuba ingumoya ongcilileyo?”

<sup>192</sup> Ngokuphulaphula oko Wakuthethayo, Lo Yena ojinga phaya emfanekisweni. Yena wathi, “Njengokuba kwakunjalo ngokuya, kukwanjalo ke nangoku.” Waze Waqalisa ukundikhombisa, ukuba, “Xa ulungiselelo lweNkosi uYesu Kristu lwaqalisa ukuthabatha indawo, abefundisi bathi, ‘WayenguBhelezabhule, umtyholi’; kodwa amadimoni wona athi, ‘WayenguNyana kaThixo, OyiNgcwele kaSirayeli.’ Amadimoni... Kwaye jonga kuPawulosi noBhanabhasi xa babelapho beshumayela. Abalungiseleli bathi, ‘La madoda aphendulela ihlabathi phantsi naphezulu. Kwaye anomtyholi, angu—angumtyholi.’ Waze omncinane onomoya wemilozi phandle esitratweni, wabaqonda ukuba uPawulosi noBhanabhasi babengamadoda kaThixo, wathi, ‘Aba bangamadoda kaThixo asixelela ngendlela yoBomi.’” Ingaba kunjalo? “Abanquli-bemimoya kunye nabavumisi, abaphethwe ziidemoni abantu.”

<sup>193</sup> Kodwa thina senziwa muncu sithonyalaliswe yimfundo yakwalizwi side singazi kwanto ngaye uMoya. Ndiyathemba niyakundithanda emva koku. Kodwa injalo yona. Nditsho nkqu namaPentekoste, oku kwawo! Injalo kanye. Ukukhwaza nokududa ujikeleza akuthethi ukuba kukho into oyaziyo malunga noMoya.

<sup>194</sup> Kukulhlangana ngokunokwakho, ubuso ngobuso, yilonto oyidingayo. Olo luhlobo lweBandla uThixo alungiselela ukulivusa, injalo lonto, xa behlangana kubunye namandla, bekuMoya.

<sup>195</sup> Kwaye Wakhomba kulonto. Waza Wandixelela ngohlobo abalungiseleli abanokungaYiqondi ngayo, kwaye wandiqinisekisa ukuba abalungiseleli abakhange bayiqonde Yona. Kwaye xa Wandixelela konke malunga noku nendlela awathi uYesu... .

<sup>196</sup> Nathi, “Kahle, kuyini malunga noku, ezi zinto zenzekayo kum?”

<sup>197</sup> Kwaye, uyabona, Yena wathi, “Ziyakuphinda-phindana zize zikhule ngokukhulu.” Waze Wandidlulisela, endixelela ngendlela uYesu awayenza ngayo; uhlobo Yena yena awathi weza kwaye Wayezele ngaMandla awayesazi ngawo izinto kwangaphambili aze axelele abafazi equleni, engabangi ukuba ungumphilisi, ebanga ukuba wenza ezo zinto njengoko uBawo wayeMbonisa.

Mna ndathi, “Kulungile, hlobo luni ke lomoya olo beliyakubalulo?”

Wathi, “Lowo yayinguMoya oyiNgcwele.”

<sup>198</sup> Kwaze okuthile apho kwenzeka ngaphakathi kum, ukuze ndiqonde ukuba kwalento endithe ndayizela ngomva yayiyiyo uThixo awandizisela yona apha. Ndaza ndaqonda ukuba kwakufana nje nabobaFarasi kwimihla eyadlulayo, bona baye

bandingqwethela isiBhalo. Ke susela ngoko ndaye ndathabatha eyiyeyam ingcaciso yaSo, oko uMoya oyiNgcwele akuthethileyo.

NdaMxelela ukuba, “Ndiyakuya.”

Yena wathi, “Ndiyakuba nawe.”

<sup>199</sup> Yaza iNgelosi yakhwela ekuKhanyeni kwakhona nokwaqalisa ukuza kwajikeleza kwajikeleza, kwaza kwajikeleza kwajikeleza, kwaye kurhangqe iinyawo Zakhe ngolohlobo, wenyukela kokokuKhanya kwaza kwemka kwaphuma esakhiweni.

Ndagoduka ndingumntu omtsha.

<sup>200</sup> Ndahamba ndaya ebandleni ndaza ndaxelela abantu ngayo. Kwa . . . yayibubusuku bangeCawa.

<sup>201</sup> Baze ngobangolwesiThathu ubusuku bazisa umfazi apho, omnye wabakwaMayo abongikazi esifa ngumhlaza, engaseyonto koko isithunzi nje. Xa ndehlayo ukuya kumbamba, nako kuvela umbono ngaphambili, ebonakala esonga kwakhona. Kwaye ukuluhlu eLouisville, “ebefile iminyaka.” Nanko apho eJeffersonville ngoku, esonga, ebesonga iminyaka. Kuba, ndajonga phezulu apho, ndaza ndabona lombono. Ndaguquka, ndingazi ncam nokuba ndenzani, ndimi apho, ndandingcangazela xa baqalisa ukuzisa eso isigulana ndaze ndasilalisa phantsi phaya. Babe abongikazi nezinto bemi bemngqongile, yena elele apho, kwaye nobuso bakhe burhoxile namehlo akhe ebuye umva.

<sup>202</sup> UMargie Morgan. Ukuba ufuna ukumbhalela, kuse-411 Knobloch Avenue, Jeffersonville, e-Indiana. Okanye bhalela eClark County Hospital, Jeffersonville, e-Indiana. Umvumelele akunike u—ubungqina.

<sup>203</sup> Ndajonga ezantsi phaya. Kwaye esasigulana sokuqala apho, ukusibona apha siphuma, nako kuvela umbono. Ndambona loomfazi esonga kwakhona, ehamba-hamba, emhle omelele kwaye ephilile. Ndathi, “ITSHO INKOSI, ‘Uyakuphila awuzukufa wena!’”

<sup>204</sup> Umyeni wakhe, ephezulu kakhulu yona indoda kwezelihlabathi izinto, yandijonga *ngolwahlobo*. Ndathi, “Mhle kazi, musa ukoyika! Umkakho uzakuphila.”

<sup>205</sup> Wandibizela phandle, wathi . . . wabiza ababini okanye abathathu oogqirha, wathi, “Ingaba uyabazi?”

Ndathi, “Ewe.”

<sup>206</sup> “Kutheni,” wathi, “Ndidlale igalufa kunye naye. Wathi, ‘Umhlaza wawubhijele amathumbu akhe, wawungenakho nokuba umhlambe ngento yokucima.’”

<sup>207</sup> Ndathi, “Andinamsebenzi wokuba unantoni! Okuthile ezantsi apha phakathi, ndibone umbono! Kwaye laNdoda indixeleleyo, ndathi, nantoni na endiyibonileyo, ukuze

ndiyithethe iyakuba njalo. Kwaye Undixelele ndaye ke mna ndiyayikholwa.”

208 Makazukiswe uThixo! Kwiintsuku ezimbalwa emva koko wayezihlambela iimpahla, ehamba-hamba. Ubunzimba bumalunga nekhulu elunamashumi amathandathu nesihlanu obunzima ngoku, kwegqibeleleyo yona impilo.

209 Ke xa ndaye ndamkela, yahamba yemka. Waza uRobert Daugherty wandibiza. Kwaye apha yahamba, ukuphumela ezantsi inqumla eTexas, inqamleza ihlabathi.

210 Kwaye ngobunye ubusuku, malunga namatyeli amane okanye amahlanu iphuma... ndandingenakukuqonda ukuthetha ngeelwimi njalo njalo. Ndandikholelwa ekubhaptizweni ngoMoya oyiNgcwele, ndikholwa ukuba abantu banganakho ukuthetha ngeelweimi. Ndaza ngobunye ubusuku xa ndandihamba ndiphumela e... kwi-cathedral, yaseSan Antonio, eTexas, ndihamba ndiphumela apho, umfo omncinci owayehleli phezulu apho waqalisa ukuthetha ngeelwimi oku kompu omfutshane ubasela, okanye lo ozitshintshayo umpu, ekhawulezisa. Emva le, emva le apho, umfo waphakama wathi, “ITSHO INKOSI! Indoda enyukela eqongeni ihambela phambili ngolungiselelo olamiselwa ngonaMandla-onke uThixo. Kwaye njengokuba uYohane umBhaptizi wathunyelwa njengonuzakuzaku wokuqala wokuza kukaYesu Kristu, ke yena uphetho uMyalazo oyakuthi ubangele uKuza kwesiBini kweNkosi uYesu Kristu.”

211 Ndandinga ngingazika ukungena ezihlangwini zam. Ndajonga phezulu, ndathi, “Ingaba uyayazi landoda?”

Yathi, “Hayi, mhlekazi.”

Ndathi, “Ingaba uyamazi yena?”

Wathi, “Hayi, mhlekazi.”

Ndathi, “Ingaba uyandazi mna?”

Wathi yena, “Hayi, mhlekazi.”

Ndathi, “Wenza ntoni apha?”

212 Wathi, “Ndiyifunde ephepheni.” Kwaye iqhele... Obo yayibubusuku bokuqala bomhlangano.

Ndajonga ngaphaya ndaza ndathi, “Uze njani apha?”

213 Yathi, “Abathile kubantu bam bandixelele ukuba wena uyakube ulapha, ‘umphilisi oNgcwele,’ ndaza ndeza.”

Mna ndathi, “Kanti nina anazani na omnye nomnye?”

Wathi, “Hayi.”

214 Owu, bethu! Apho ndabona ukuba kwa lamandla kaMoya oyiNgcwele... Xa ngaxesha lithile emva phaya ndathi ndacinga ukuba kwakuphosakele, kwaye ndayazi ukuba ndi... Le Ngelosi inye kaThixo yayinxulumene nabo bantu babenezozinto.



Nangona baye benokuzenzisa kunye nengxuba kaxaka eninzi kunye nokuteketa okuninzi kuyo, kodwa phakathi phaya kwakukho eyinene into. [Indawo engenanto eteyiphini—Umhl.] . . . uKristu. Kwaye ndabona ukuba yayi—yayi nyanisile.

215 Owu, iminyaka yadlula, kwaye emihlanganweni abantu babebona, imibono njalo njalo.

216 Ngaxesha lithile umfoti waYifumana emfanekisweni xa ndandimi phantsi kweny'indawo eArkansas, ndiyakholwa kwakulapho, kumhlangano umalunga nalo kanje, kwiholo elibumila kunje. Kwaye ndandimile, ndizama ukuYicacisa. Abantu besazi, babeye bahlale bamamele, amaWesile, amaBhaptizi, amaRhabe, njalo njalo. Ndaze xa ndathi ukujonga, ukungena ngomnyango, nantsi Isiza, ihamba, “Whoossh, whoossh!”

217 Ndathi, “Akusazofuneka ndibesathetha kwakhona, kuba naku Isiza ngoku.” Yaza Yenyukela ngentla, abantu baqalisa ukukhala. Yeza apho ndandikho yaza yema phantsi apho ijikelezile.

218 Nje kanye njengokuba Isahlalayo, umshumayeli wabaleka weza esithi, “Khawuthi, ndiyaYibona!” Yaza Yambetha wamfameka nje—nje ngoko wayenokuba njalo, wagxadazela ebuya umva. Usenokuwubona umfanekiso wakhe kanye phaya encwadini uyibone njengoko egxadazelela emva intloko yakhe izezantsi kanjeya. Unokuwubona umfanekiso wakhe.

219 Yaze apho Yahlala. Nje owephephandaba umfoti waYifumana ngelo xesha. Kodwa iNkosi yayingekafuni.

220 Kwaye ngobunye ubusuku eHouston, eTexas, xa, owu, iwaka eliphindwe ngewaka labantu. . . Sasinamakhulu asibhozo. . . asibhozo amawaka ngaphaya enantsikeni, ngaphaya kwiholo lomculo, sabuya seza ngaphaya kwenkulu iSam Houston Coliseum.

221 Kwaze phaya kulongxoxo ngobo busuku, xa owaseBhaptizi umshumayeli wathi mna “ndandingeyonto kuphela ophantsi umhanahanisi nebhedengu, imenemene lekholwa, kwaye ndifanelwe kukusukelwa ndikhutshwe esixekweni” kwaye wayemelwe kukuba ibenguye owenza lonto.

222 Umzalwane uBosworth wathi, “Mzalwan’ uBranham, ungaze uyivumele into enjalo yenzeke? Biza isandla sakhe!”

223 Mna ndathi, “Hayi, mhlekazi, andikholelwa kwingxwaba—ngxwaba. IVangeli ayenzelwanga mpikiswano, Yenzelwe ukuba siphile.” Ndaza ndathi, “Akukhathaliseki nokuba ungambonisa kanjani na, uyakuqhubeka nje kwangolwahlobo lunye.” Ndathi, “Yena. . . akanakwenzelwa namnye umahluko. Ukuba uThixo akanakuthetha nentliziyo yakhe, ndingakwazi njani mna?”

224 Ngengomso yaphuma, yathi, “Ibonisa ukuba benziwe ngantoni na,” kwi-Houston Chronicle. Yathi, “Ibonisa

ukuba benziwe ngantoni na, bayoyika ukumela oko bakushumayelayo.”

<sup>225</sup> Omdala uMzalwane uBosworth wenyuka weza kum, engaphaya kwamashumi asixhenxe ngoko, othandekayo omdala umzalwane, wajikelisa ingalo yakhe ngaphaya kwam, wathi, “Mzalwane uBranham,” wathi, “uthetha ukuba awuzukukuphendula okuya?”

<sup>226</sup> Ndathi, “Hayi, Mzalwane uBosworth. Hayi, mhlekazi. Andizukukuphendula okuya.” Ndathi, “Akukho nto kuyawunceda ngayo.” Ndathi, “Ibangela nje ingxwaba-ngxwaba xa sishiya iqonga.” Ndathi, “Ndibambe umhlangano ngoko, andifuni kwenza izinto zonke zibe dlaka-dlaka ngolwahlobo.” Ndathi, “Myeke nje aqhubeke.” Ndathi, “Kuphelele apho, uyaxikixa nje.” Ndathi, “Besikhe sabanabo ngaphambili, kwaye akuncedi nto ukuthetha nabo.” Ndathi, “Bazakuqhubeka bahambe, besazibambile.” Ndathi, “Ukuba bakhe balufumana ulwazi lweNyaniso baze bangaLwamkeli, iBhayibhile ithe bawuwelile umgca owahlulayo kwaye abasokuze baxolelwe kweliphakade okanye kwelo lizayo. Bayibiza Yona ‘ngomtyholi’ kwaye abanakuyinceda. Babanjwe ngumoya wezenkolo nto leyo ngumtyholi.”

<sup>227</sup> Bangaphi abayaziyo lonto ukuba iyinyaniso, ukuba umoya kamtyholi unenkolo? Ewe, mhlekazi, bangqongqo ezibhalweni kangangoko benokubanako. Kwaye ke, ngoko, ayikhange ihambe kamnandi xa bendithe “bangqongqo ezibhalweni,” kodwa oko kuyinyaniso. “Benokumila kokuhlonela uthixo kodwa bekhanyela aMandla oko.” Injalo lonto. Imiqondiso nezimanga zizo ezingqinela uThixo, rhoqo. Kwaye Yena wathi iyakuba yinto ekwanye ngemihla yokugqibela. Kwaye qaphela!

<sup>228</sup> Omdala uMzalwan’ uBosworth, ndi... waye ezakuhamba nam, kodwa waye ebudinwa. Esandula ukuvela eJapan. Waye ezakuba lapha. Uza kuba seLubbock kunye nam. Kwaye ke waye... wayene ncinane, embi ingqele, ke wayengakwazi ukuza kule, yena nenkosikazi wakhe. Waza ke wa... .

<sup>229</sup> Nangona wayekhangeleka njengoKhalebhu. Wema phaya, wathi, “Kahle, Mzalwan’ uBranham,” lankangeleko inesidima, uyazi, wathi, “khawuthi ke ndiye kuyenza,” waze wathi, “ukuba awufuni.”

<sup>230</sup> Mna ndathi, “Owu Mzalwana uBosworth, a—andifuni ukuba uyenze. Uzakube usiya kuxambula.”

Wathi, “Akusayi kubakho nalinye igama loxambula.”

<sup>231</sup> Ngoku, nje phambi kokuba ndivale, mamela oku. Wehla waya phaya. Ndathi, “Ukuba awuzi kuxambula, kulungile.”

Wathi, “Ndiyathembisa andizu kuxambulisa.”

<sup>232</sup> Malunga namashumi amathathu amawaka abantu behlanganisene kuloholo ngobuya busuku. UMzalwana uWood,

ehleli ngaphaya, wayekhona ngeloxesha, kwaye wahleli kweloholo. Ndaze mna . . .

<sup>233</sup> Inkwenkwana yam yathi, okanye . . . Inkosikazi yam yathi, “Awuzukuhla uye kulantlanganiso?”

<sup>234</sup> Ndathi, “Hayi. Andinako ukuya phaya ndibeve bexambulisana. Hayi, mhlekazi. Andinakuphela ndiye phaya ndize ndiyimamele.”

Xa kufika ubusuku, Okuthile kwathi, “Yehla uye phaya.”

<sup>235</sup> Ndabamba i-taxicab, umtakwethu, nenkosikazi kunye nabantwana bam, sahamba sehla. Ndaza ndenyukela phezulu kwi-balcony yamashumi amathathu, phezulu ngolohlobo, ndahlala phantsi.

<sup>236</sup> Omdala uMzalwana uBosworth wahamba waya phaya ngokungasibandakanya esidala, niyazi. Waye ekhuphele ezinye . . . Wayenamakhulu amathandathu wezahlukeneyo izithembiso zeBhayibhile ezikhuphele apho. Wathi, “Ngoku, Gqirha Best, ukuba ungakhe unyukele apha uze uthabathe sibesinye kwezi zithembiso uze ubonise ukuba asiyonyaniso ngeBhayibhile. Ngasinye kwezi zithembiso ziseBhayibhileni, zibhekiselele kuYesu Kristu ephilisa abagulayo kulomhla. Ukuba ungakhe uthabathe esinye kwezi zithembiso uze, ngeBhayibhile, usiphikise ngeBhayibhile, ndizakuphela phantsi, ndikuxhawule, ndithi, ‘Unyanisile.’”

<sup>237</sup> Wathi, “Ndizakukuhoya oko xa ndinyukela apho!” Wayefuna ukugqibhelisa khona ukuze ahlikihle kuMzalwane uBosworth, yabona.

<sup>238</sup> Ke uMzalwane uBosworth wathi, “Kulungile, Mzalwane uBest, ndizakukucela ibenye, ukuba uyakundiphendula ‘ewe’ okanye ‘hayi,’” wathi, “siyakuphelisa nje ingxoxo kanye ngoku.”

Waze wathi—wathi, “Ndizakukuhoya oko!”

Wabuza kohloniphekileyo obambe iintambo ukuba angambuza na. Wathi, “Ewe.”

<sup>239</sup> Wathi, “Mazalwane uBest, ingaba lamagama okuhlangula kaYehova ayasetyenziswa kuYesu? ‘Ewe’ okanye ‘hayi?’”

<sup>240</sup> Oko kwayivala imbambano. Kwaba kuphelele apho. Ndiyakuxelela, ndavele nje ndeva okuthile kundityhutyha. Andizange ndakucinga oko, oko kwam, yabona. Ndaza ndacinga, “Owu, bethu, akanakho ukuphendula! Okuya kuyayibopha.”

Wathi, “Kulungile, Gqirha Best, ndo—ndothikile.”

Wathi, “Ndizakukuhoya oko!”

<sup>241</sup> Wathi, “Ndothuswa kukuba ungakwazi ukuphendula oyena ubuthathaka kwimibuzo yam.” Wayephole nje oku kwekomkomere, kwaye wayezazi apho wayemi khona. Ke ngoko wavela wahlala phantsi kunye nesoSibhalo.

Wathi, “Thabatha imizuzu yakho engamashumi amathathu, ndiyakuphendula eva koko!”

<sup>242</sup> Laza ixhego uMzalwana uBosworth lahlala apho lathabatha eso Sibhalo layibophelela londoda kwindawo apho bade ubuso bayo babomvu ngokunga ubunokuqhwitha umcinga kubo, phatse.

<sup>243</sup> Waphakama apho, elugcwabevu, waphosa amaphepha athi saa kuloo mgangatho, wakhwela apho washumayela elungileyo yobuCampbell intshumayelo. NdandingumBhaptizi, ndiyabazi ukuba bakholwa ntoni. Akazange . . . Wayeshumayela ngovuko, “‘xa oku konakala kunxiba ukungonakali,’ ngoko siyakuba nempiliso eNgcwele.” Owu, bethu! Sisayifunela ntoni impiliso eNgcwele emva kokuba sinokungonakali (“xa oku kunokonalala kunxiba ukungonakali,” uvuko lwabafileyo)? Wade wathandabuza nomangaliso owenziwa nguYesu kuLazaro, wathi, “Waphinda wafa kwakhona, yaye oko kwakuyinto nje yethutyana.” Yabona?

<sup>244</sup> Waze xa egqibezela ngolohlobo, wathi, “Zisani apha lamphilisi uNgcwele ndifuna khe ndimbone esebenza!”

<sup>245</sup> Babebuxambulisa ngoko. UMzalwane uBosworth wathi, “Ndimangalisiwe nguwe, Mzalwana uBest, ngokungaphenduli namnye umbuzo kwendikubuze yona.”

<sup>246</sup> Waza ke wanengcwangu ngoko, wathi, “Zisani apha lamphilisi uNgcwele ukuze ndikhe ndimbone esebenza!”

Wathi, “Mzalwana uBest, uyakholelwa ekusindisweni kwabantu?”

Wathi, “Ngokuqinisekileyo!”

Wathi, “Ungafuna ukuba ubizwe ngokuba ungumsindisi oNgcwele?”

Wathi, “Andingekhe mpela!”

<sup>247</sup> “Naye ke . . . Oko bekungasayi kukwenza ube ngumsindisi oNgcwele kuba ushumayeke ngosindiso lwemiphfumlo.”

Wathi, “Injalo, ndingekhe mpela!”

<sup>248</sup> Wathi, “Naye ke uMzalwane uBranham lonto ayimenzi ukuba abengumphilisi oNgcwele ngenxa yokushumayela impiliso eNgcwele yasemzimbeni. Akanguye umphilisi oNgcwele, yena ukhomba abantu kuYesu Kristu.”

<sup>249</sup> Waza yena wathi, “Mziseni ngaphambili, ukuze ndimbone esebenza! Makhe ndijonge abantu, unyaka ukususela namhlanje, ndaye ndiyakunixelesa ukuba ndiyakuYikholelwa na okanye hayi.”

<sup>250</sup> UMzalwan’uBosworth wathi, “Mzalwane uBest, oko kuvakala njengeline ityala laseKalvari, ‘Yehla uzethule emNqamlezweni sawutsho siKukholelwe.’” Yabona?

<sup>251</sup> Waza ke, owu, ngoko wagqabhuka ngenene. Wathi, “Makhe ndimbone esebenza! Mandimbone esebenza!” Abo balawulayo bamenza akhe ahlale phantsi. Wahamba waya ngaphaya, kwaye kwakukho umshumayeli wasePentekoste emi phaya, wavele wamqhwaba konke ukunqamla iqonga. Baze ke bamqanda ngoko. (Ke uMzalwane uBosworth wathi, “Nanku, nanku! Hayi, hayi.”) Ke abalawuli bamenza ukuba ahlale phantsi.

<sup>252</sup> URaymond Richey waphakama, wathi, “Ingaba esi sisimilo seNtlangano yamaBhaptizi aseZantsi?” Wathi, “Nina bashumayeli baseBhaptizi, ingaba iNtlangano yamaBhaptizi aseZantsi yiyo ethumele lendoda apha okanye izizele?” Zange babenako ukuphendula. Wathi, “Ndinibuzile!” Wayebazi, elowo ngamnye.

<sup>253</sup> Bathi, “Uzizele ngokwakhe.” Ngoba ndiyawazi amaBhaptizi ayayikhulwa impiliso eNgcwele, oku kwawo. Ke ngoko wathi, “Uzizele ngokwakhe.”

<sup>254</sup> Ke ngoko naku okwenzekayo ngoko. Waza uMzalwane uBosworth wathi, “Ndiyazi ukuba uMzalwan’uBranham ukho kulomhlangano, ukuba uyafuna ukuza andulule isihlwele, kulungile.”

Ke uHoward wathi, “Uhlale uzole!”

Ndathi, “Ndihleli ndizolile.”

<sup>255</sup> Kwaze nje ngoko Okuthile kweza, kwaqalisa kwajikeleza, ndabe sendisazi ukuba yaYi yiNgelosi yeNkosi, yathi “Phakama!”

<sup>256</sup> Malunga namakhulu amahlanu abantu bahlanganisa izandla zabo *ngolu* hlobo, benza indlela, ndehla ndaya eqongeni.

<sup>257</sup> Ndathi, “Bahlobo, andinguye kwamphilisi uNgcwele. Ndingumzalwane wenu.” Ndathi, “Mzalwana uBest, ngaphandle ko...” Okanye, “Mzalwana uBest,” Ndathi, “ngaphandle kokungakuhloniphi, mzalwane wam, akunjalo konke. Unelungelo kwizimvo zakho, nam ndikwanjalo.” Ndathi, “Ngenxa yokuba, uyabona awukhange ukwazi ukukungqinela oko, inqaku lakho, ngoMzalwana uBosworth. Nakwangaye nawuphi na umntu ofunde kakuhle eBhayibhileni, ozaziyo ezo zinto.” Ndathi, “Ngokubhekiselele ekuphiliseni abantu, andikwazi kubaphilisa mna, Mzalwan’ uBest. Kodwa ndikhona qho ngokuhlwa, ukuba ufuna ukubona iNkosi isenza imimangaliso, yiza ngapha. Ukwenza oko qho ngokuhlwa.”

<sup>258</sup> Waza wathi, “Ndingathanda ukubona wena uphilisa umntu uze undiyeke ndibajonge! Usenokuba uyabozelisa baphuphe kwakho, kodwa” wathi, “Ndingathanda ukuyibona kunyaka ukususela apho!”

Ndathi, “Kulungile, usenokuba nalo ilungelo lokubahlola, Mzalwana uBest.”

259 Wathi, “Akukho nto kuphela nini gqubandini lindongondongo amakhakhayi babaqengqeleki abangcwele abakholwa kulonto injalo. AmaBhaptizi awakholelwa kobo buvuvu bunjalo.”

260 UMzalwane uBosworth wathi, “Umzuzu nje.” Wathi, “Bangaphi abantu phandle apho, kwezi veki zimbini sihlangani apha, abeme ngokuma okuhle nala alungileyo aseBhaptizi amabandla apha eHouston, abanokungqina ukuba niphiliswe ngonaMandla-onke uThixo ngelilixa uMzalwana uBranham ebelapha?” Kwaze abangaphaya kwamakhulu amathathu bema ngeenyawo. Wathi, “Abaya ke uthini ngabo?”

261 Wathi yena, “Bona abangomaBhaptizi!” Wathi, “Nabani na angangqina nantoni na, kodwa oko kube akuyenzi ukuba ibe yechanekileyo!”

262 Wathi, “ILizwi likaThixo lithi ichanekile, kwaye awunako ukumelana noko. Kwaye nabantu bathi ichanekile, kwaye awunako ukukubethisa ngoyaba oko. Ke yintoni uzakuyenza malunga naKo?” Yabona, ngolohlobo.

263 Mna ndathi, “Mzalwana uBest, ndithetha kuphela oko kuyiNyaniso. Kwaye ukuba ndinyanisekile, uThixo obophelelekile ukuba ayixhase iNyaniso.” Ndathi, “Ukuba Akanjalo... Ukuba Yena akayi kuyixhasa iNyaniso, ngoko Akanguye uThixo.” Ndaza ndathi, “Andiphilisi bantu. Ndazalwa ndine—ndinesipho sokubona ezi zinto, ndizibone zisenzeka.” Ndathi, “Ndiyazi ukuba andiqondwa, kodwa andinakwenza okungaphezulu kokuba ndizalisekise oko kugwetywa yintliziyo yam.” Ndathi, “Ndiyakholwa ukuba uYesu Kristu wavuka kwabafuleyo. Kwaye ukuba uMoya othi uze ubonise imibono njalo-njalo, ukuba oko kuyabuzwa, yiza uze kufumanisa.” Ndathi, “Kukangako.” Kodwa ndathi, “Kodwa ngokukokwam, andinakwenza nto ngokunokwam.” Ndaza ndathi, “Ukuba ndithetha iNyaniso, uThixo ubophelelekile kum, ukuze angqine ukuba Kona kuyiNyaniso.”

264 Kwaye malunga nelolixa, Okuthile kwathi, “Whooooooossh!” Naku Esiza, esehla ngqo. Kwaye i-American Photographer Association, i-Douglas Studios eseHouston, eTexas, benekhamera enkulu ibekwe phaya (babengavunyelwanga ukuba bathabathe imifanekiso), bathabatha umfanekiso.

265 Xa babephaya ukuya kuthabatha imifanekiso kaMnu. Best, waza wa—wathi, phambi kokuba ndehle ndiye phaya, yena wathi, “Kahle umzuzu! Ndinezintandathu iikhadi ezizayo apha!” Wathi, “Ina, thabatha umfanekiso wam ngoku!” Waza wabeka umnwe wakhe empumleni yeyelaxhego liyengcwele indoda, kanjalo, wathi, “Ngoku thabatha owam umfanekiso!” Baza bakwenza oko. Waza wabumba inqindi waliphakamisa, wathi, “Thabatha umfanekiso wam ngoku!” Baza bawuthabatha

kanjalo. Ngoko wenza kanjalo, eziqhenyela owakhe umfanekiso. Wathi, “Niyakukubona oku kulindixesha wam!” ngolohlobo.

<sup>266</sup> UMzalwana uBosworth wema apho akaze athethe kwanto. Baza bathabatha umfanekiso waLena.

<sup>267</sup> Endleleni egodukayo ngobabusuku, (inkwenkwe yomKatolika yawuthatha), yathi kwenye le inkwenkwe, yathi, “Ucinga ntoni malunga noKuya?”

<sup>268</sup> Wathi, “Ndiyazi ukuba ndingxekile. Eladlala limkile kulamqala walamfazi, ndithe umozelisile wamphuphisa.” Wathi, “Ndisenokuba bendingachananga kulonto.”

Wathi, “Ucinga ntoni malunga nalamfanekiso?”

“Andazi.”

<sup>269</sup> Bawufaka kwi-acid. Nanku lomfanekiso, usenokumbuza ukuba uyafuna. Bagoduka, wahlala apho watshaya umdiza. Wangena watsala ekhupha okaMzalwana uBosworth, wawusisithunzi. Watsala owesibini, owesithathu, sine, sihlanu, sithandathu, yaye yonke ngamnye kuyo ingenanto. UThixo wayengenakuvumela umfanekiso wexhego laKhe elingcwele limi apho nalamhanahanisi, nempumlo yakhe, okanye isandla, inqindi lihlukehlwa phantsi kwempumlo yakhe ngolohlobo. Wayengenakho ukuyivumela.

<sup>270</sup> Batsala olandelayo, kwaye nanku Wayekhona. Londoda yahlaselwa yintliziyo, kutshiwo, ngobabusuku.

<sup>271</sup> Baza bathumela esi sithunzi eWashington, DC. Yenzelwa ilungelo lokuyiphindaphinda, yabuyiswa.

<sup>272</sup> Waza uGeorge J. Lacy, intloko yeF.B.I. kwicandelo leminwe namaxwebhu, njalo njalo, omnye wabona bakha babakhulu ehlabathinini liphela, waziswa apho waza wacina iintsuku zambini ekuwo ukuze avavanye ikhamera, izibane, nayo yonke into engenye. Kwaye xa sisiza ngalamva-kwemini, wathi, “Mfundisi uBranham, bendingumgxeke wakho, nam.” Wathi, “Bendisithi yipsychology, ubani othile wathi babona ukuKhanya nezinto ezinjalo.” Wathi, “Uyazi, umhanahanisi wakudala ebedla ngokutsho” (wayexela ongakholwayo) “imifanekiso erhangqileyo, esa sangqa sijikeleze uKristu, sijikeleze abangcwele, wathi, ‘oko yayilufundo ngengqondo nje olulula.’” Kodwa wathi, “Mfundisi uBranham, ubuxhakaxhaka beliso lalekhamera abunako ukufota i-psychoology! UkuKhanya kwabetha iglasi, okanye kwabetha i-negative, kwaye nantsi Yona ilapho.” Waza wathi. . .

<sup>273</sup> Ndayinikezela kubo. Wathi, “Owu, mnumzana, ingaba uyazi ukuba ixabisa kangakanani?”

Ndaza nma ndathi, “Hayi kum, mzalwane, hayi kum.” Waza ke wathi. . .

274 “Kakade, ayinakuze iqalise ngelilixa wena usaphilayo, kodwa ngenye imini, ukuba impucuko ithe yahambela baza ubuKristu babe busekhona, kuyakuba into ethile eyakuthi yenziwe ngalento.”

275 Ke, zihlobo, ngokuhlwa nje, ukuba lo ngumhlango wethu wokugqibela kulumhlaba, mna nawe sikhe sahlala eBukhoni bonaMandla-onke uThixo. Ubungqina bam buyinyaniso. Ezininzi, kakhulu izinto, bekuyakuthabatha imiqulu yeencwadi ukuyibhala, kodwa ndifuna ukuba nina nazi.

276 Bangaphi kwabalapha abakhe eneneni, ngaphandle komfanekiso, bakubona ukuKhanya ngeNkqu bumi kurhangqe apho ndandishumayela khona? Phakamisani izandla, sisakhiwo sonke, nabani na owakha wakubona Kona. Yabona, malunga nesibhozo okanye ishumi lezandla ezihleli apha.

277 Uthi, “Bangaze—bangaze baKubone bona ndibe mna ndingaKuboni?” Ewe, mhlekazi.

278 La—laNkwenkwezi eyayilandelwa zizazi, yadlula phezu kwazo zonke iindawo zokupopola isibhakabhaka. Akukho namnye owaYibonayo kodwa yangabo. Yayingabo bodwa abaYibonayo.

279 U-Eliya wayemi phaya ejonge kwezo nqwelo emlilweni, nako konke okunye. Wabe uGehazi elaqaza, engaziboni kwandawo. UThixo wathi, “Vula amehlo akhe ukuze abone.” Waza ke wababona, yabona. Kodwa wayeyinkwenkwe elungileyo, imi apho ilaqaza, kodwa wayengenakuyibona. Ngokuqinisekileyo. Inikwe abanye ukuba bayibone, baze abanye bangabinakho. Kwaye oko kuyinyaniso.

280 Kodwa ngoku nina ningazange niYibone, ningazange niYibone, kunye nani nikhe naYibona ngamehlo enu enyama nibe ningazanga nawubona umfanekiso, nonke ke abo babona umfanekiso ngabona banobungqina obukhulu kunni nina niYibone ngeliso lendalo. Ngoba nina, ngeliso lenu lendalo, nisenokuphazama, kusenokuba yayikukuqhatha nje kwamehlo. Akunakuba njalo? Kodwa Lena ayikuko ukuqhathga kwamehlo, Leya iyiNyaniso, apho uphando lwenzulu-lwenzile lungqinayo ukuba Okuya kuyiNyaniso. Ke iNkosi uYesu ukwenzile oku.

“Ucinga ukuba Kuyintoni ngoko,” uthi, “Mzalwana uBranham?”

281 Ndiyakholwa ukuba Ikwa yilaaNtsika yoMlilo yathi yakhokela abantwana bakaSirayeli ukusuka eYiphutha ukuya ePalestina. Ndiyakholwa ukuba Ikwa yilaaNgelosi yokuKhanya eyangena e—entolongweni yaya koNgcwele uPetros yaza yamchukumisa, yahambela phambili yavula ucango yamkhuphela ngaphandle ekukhanyeni. Kwaye ndiyakholwa ukuba NguYesu Kristu kwanguye izolo, namhla, naphakade. Amen! UnguYesu okwamnye namhlanje lowo ebeNguye izolo. Uyakuba nguYe naphakade enguloYesu mnye.



282 Kwaye ngelilixa ndithetha ngaKo, okwakuKhanya kunye kukulamfanekiso kukho...kumi kongekho ngaphezulu kweenyawo ezimbini umgama ukusuka apho ndimi khona kanye ngoku. Injalo lonto. Andinako ukuKubona ngawam—ngawam amehlo, kodwa ndiyazi ukuba Kumi apha. Ndiyazi ukuba Kuzinza ngaphakathi kum kanye ngoku. Owu! Ukuba ubunokukhe uwazi umahluko xa amandla onaMandla-onke uThixo ebambisela, nendlela izinto zithi zahluke ngayo!

283 Lowo ngumceli mngeni, nabani na. Bendingazukuthandazela bantu bagulayo, bendizakwenza ukuba bazinikele. Kodwa umbono ujinga phezu kwabantu. Eh-heh. UThixo uyazi. Andizukubiza mgca wakuthandazelwa, ndizakuniyeka nje nihlale apho. Bangaphi kuni abantu abangenawo amakhadi okuthandazelwa? Masibone isandla sakho, umntu ongenalo ikhadi lokuthandazelwa, ongenalo ikhadi lokuthandazelwa.

284 Inenekazi elintsundu elihleli apha, ndiyabona ukuba isandla sakho siphakamile. Ingaba kunjalo? Yima ngeenyawo nje ukuze ndikukhethe okomzuzwana. Andikwazi oko uMoya oyiNgcwele ayakukuthetha, kodwa undithe ntsho ngokunyaniseka okumangalisayo. Awunalo ikhadi lokuthandazelwa? Ukuba onaMandla-onke uThixo unokundityhilela ukuba yintoni ingxaki yakho...oku ndikwenzela nje ukuqalisa, nje ukwenzela isiqalo. Ingaba uyandikholwa ukuba ndi...Uyazi ukuba akukho kwanto...akukho kwanto ilungileyo malunga nam. Ukuba ungumfazi utshatileyo, andikho ngaphezulu komyeni wakho. Ndiyindoda nje. Kodwa uYesu Kristu unguNyana kaThixo, kwaye Uthumele uMoya waKhe ukuza kungqina ezi zinto.

285 Ukuba uThixo uthe wandixelela ukuba yintoni undonakele kuwe (kwaye uyazi ukuba akukho ndlela yokuba mna ndingaze ndibenohagamishelwano nawe konke), ingaba uyakukholwa ngentliziyo yakho iphela? [Udade uyahlomla—Umhl.] UThixo akusikelele. Ngoko uxinzelelo lwegazi oluphezulu kwakho lukushiyele. Yilonto obe unayo. Ingaba bekungenjalo? Ke hlala phantsi.

286 Khawukholwe nje ityeli libelinye! Ndicela umngeni nakubani na ukuba aYikholwe.

287 Jonga apha, makhe ndikuxelele okuthile. UMarta, esiza kwiNkosi uYesu. Esa siphon gasingazanga sisebenze...Emva kokuba uBawo wayesele eMbonisile oko Wayezakukweza. Ngesingazange sisebenze. Kodwa wathi, “Nkosi, ndi...Ukuba Wena ubulapha, umtakwethu ngengakhange afe.” Wathi, “Kodwa ndiyazi ukuba nangoku nantoni na Oyicela kuThixo, uThixo uyakuKunika.”

288 Yena wathi, “NdiLuvuko kwanoBomi, lowo okholwayo kuM nakubeni ebesele efile, noko uyakudla ubomi. Kwaye nawuphi

na ophila aze akholwe kuM akasayi kuze afe. Niyakholwa koku?”

<sup>289</sup> Phulaphula oko wakuthethayo. Wathi, “Ewe, Nkosi. Ndiyakholwa ukuba konke oko Ukuthethileyo kuyiNyaniso. Ndiyakholwa ukuba Wena unguNyana kaThixo owayeza kuza ehlabathini.” Yindlela aweza ngayo leyo, ngokuzithoba.

Uziva ngokwahlukileyo, akunjalo, nenekazindini? Ewe. Kunjalo.

<sup>290</sup> Inenekazi elincinci elihleli phaya, phaya ecaleni kwakho, nawe, liphethwe sisifo samathambo kunye nenkathazo yobufazi. Ayinjalongo lonto, nzwakazi? Phakama nje umzuzu, inenekazi elincinane elinxibe ilokhwe ebomvu. Ubusondele kakhulu, umbono uze kuwe. Isifo samathambo, eyobufazi inkathazo. Ingaba kunjalo? Kwaye naku okuthile ebomini bakho (unayo i—unojongo olungqalileyo olulungileyo): unenkxalabo eninzi ebomini bakho, inkathazo enkulu. Kwaye lonkathazo imalunga nothandwayo nguwe, ngumyeni wakho. Ulinxila. Akavumi kuya enkonzweni. Ukuba oko kunjalo, phakamisa isandla sakho. UThixo akusikelele, nenekazi. Goduka uyokwamkela intsikelelo yakho. Uphilisiwe, ukukhanya kukurhangqile.

<sup>291</sup> Indoda ehleli ecaleni kwenye phaya. Wena, mhlekazi, uyakholwa? [Umzalwane uthi, “Ewe. Kunjalo.”—Umhl.] Ngentliziyo yakho yonke? [“Ewe, mhlekazi.”] Ulahlekelwe lolunye uluvo lwakho. Olo luluvo lwakho lokujoja. Injalo lonto? Ukuba injalo, wangazelisa isandla sakho. [“Oko kunjalo.”] Beka isandla sakho emlonyeni wakho, *kanje*, uthi, “Nkosi uYesu, ndiyaKukholwa ngentliziyo yam yonke.” [“Nkosi uYesu, ndiyaKukholwa ngentliziyo yam yonke.”] UThixo akusikelele. Hamba ngoku. Uyakuyizuza impiliso yakho.

<sup>292</sup> Yiba nokholo kuThixo! Nicinga ntoni nina malunga naYo, emva phaya? Niyakholwa? Zolani!

<sup>293</sup> Kukho inenekazi elihleli kanye emva phaya ekoneni. Ndikubonile okwakuKhanya kujinga phezu kwakhe. Yileyo kuphela indlela endinokuchaza into malunga nayo, okuya kuKhanya kundandayo. *Oku* kuKhanya kanye apha kundanda phezu kwenenenkazi. Mhlawumbi nje emzuzwini, ukuba ndinokukhe ndibone oko kuyiyo. Iyakutyhileka... Inenekazi likhathazwa yi—yingxaki yentliziyo. Ujonge ngqo kum.

<sup>294</sup> Kwaye umyeni wakhe uhleli ecaleni kwakhe. Kwaye nomyeni wakhe unesigulo esithile, ebesandula ukugula, ukhathazekile, uyagula. Ingaba kunjalo, mhlekazi? Phakamisa isandla sakho ukuba kuyinyani oko. Injalo lonto, nguwe, nenekazi, enesikhafu esincinci apho. Umnumzana, ingaba kunjalo? Awukhange nje ubengokhathazekileyo ngandlela ithile namhlanje? Unokukuphethe kakubi esiswini, indoda. Kunjalo.

<sup>295</sup> Niyakholwa nonke ngentliziyo yenu iphela, nobabini? NiyaYamkela? Mhlekezi, ndiyakuxelela, nawe, ndikubona

unesandla sakho siphakamile, umkhwa wokutshaya. Hlukana nokwenza lonto. Utshaya iisiga, awufanelwe kukukwenza oko, kuyagulisa. Ingaba kunjalo? Ukuba kunjalo, wangazelisa isandla sakho kanje. Yilonto ekukhathazayo. Ikuhlupha kakubi ezimvakalelweni zakho. Lahla phaya lonto imbi ungabuyi uyenze kwakhona, kwaye uyakudlula kulonto uphinde ube sesimeni esisiso, kwaye nenkathazo yentliziyo yomkakho iyakwahlukana naye. Uyayikholwa lonto? Ingaba kunjalo? Andinako ukukubona xa ndilapha, kwaye uyayazi lonto, kodwa uphethe imidiza kwi...e—epokothweni yakho engaphambili. Injalo lonto. Khupha ezo zinto uze ubeke isandla sakho phezulu ngaphaya enkosikazini yakho, uxelele uThixo ukuba wena wahlukene nolohlobo lwezinto, uyakugoduka uphillile, wena nenkosikazi yakho niyakuphila. Malisikelelwe iGama leNkosi uYesu!

Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke?

<sup>296</sup> Elinenekazi lihleli apha lijonge kum apha. Wena ose... phaya kwizitulo ezo ingaphambili apha, uhleli kanye apha. Inenekazi elincinci eline...lijonge kum, lihleli kanye apha. Awunalo...Awunalo ikhadi lokuthandazelwa, nenekazi, kanye apha? Awunalo okhadi lokuthandazelwa? Ingaba uyakholwa ngentliziyo yakho yonke? Uyakholwa ukuba uYesu Kristu unako ukukuphilisa?

<sup>297</sup> Ucinga ntoni wena ngaYo, wena ohleli ecaleni kwakhe? Ingaba unalo ikhadi lokuthandazelwa, nenekazindini? Awunalo? Ufuna ukuphila, nawe? Ubungethandi ukuba uphinde udle kwakhona ngohlobo owawusenza ngalo, kuphele ingxaki yakho yesisu? Uyakholwa ukuba uYesu uyakuphilisa ngoku? Phakama ukuba uyakholwa ukuba uYesu Kristu ukuphilisile. Ubukade unezilonda zesisu, akunjalo? Ibangelwe sisimo sokuxhalaba. Ubusoloko uxhalaba ithuba elide. Ingakumbi ii-acid nezinto, okanye ndithetha ukuthi kubangele i-acid, ize yenze amazinyo abuthelezi xa ubhodla ukutya kwakho emva apha emlonyeni wakho. Leyo yinyaniso. Ewe, mhlekazi. Sisilonda sangaphathi se-peptic, besihleli emazantsi wesisu sakho. Siyatshisa ngamanye amaxesha emva kokutya ingakumbi isonka esojiweyo kunye nebotolo kuso. Ingaba kunjalo? Andifundi ngqondo yakho, kodwa uMoya oyiNgcwele akanampazamo. Uphilisiwe ngoku. Goduka, kulunge kuwe.

<sup>298</sup> Kunjani ngani emva ekuyeni kwelicala? Abanye kuni ngaphaya ngaphaya bengenakhadi lakuthandazelwa, phakamisa isandla sakho. Ubani othile ongenamakhadi okuthandazelwa. Kulungile, khanizole, kholwa ngentliziyo yakho yonke. Kunjani ngani phezulu kwi-balcony? Yibani nokholo kuThixo.

<sup>299</sup> Andinakho ukuyenza lento mna ngokunokwam, lolwaKhe oluzimele-geqe ubabalo lodwa. Niyakholwa? Ndingathetha

kuphela njengoko endibonisa Yena. Njengoko olwenu ukhoho. . . Ndikuthethela oko ukuze ndihlukuhle ukhoho lwenu, ndize ndibone ukuba Yena uyakundikhokelela phi na. Nikuqondile oku—lo akanguye umzalwane wenu? Nimi koBakhe uBukho. Ayindim owenza oku, lukhoho lwenu oluYilawulayo. Andinakho ukuYilawula. Lukhoho lwenu oluyenzayo. Andinandlela yakuYilawula. Nje umzuzu.

<sup>300</sup> Kulekona ndibona indoda entsundu ihleli phaya, nesele ibuguga noko, inxibe iindondo. Unalo ikhadi lokuthandazelwa, mhlekazi? Phakama ume ngeenyawo umzuzu. Uyandikholwa ukuba ndisisicaka sikaThixo, ngentliziyo yakho yonke? Ucinga ngamntu wumbi, akunjalo? Ukuba oko kunjalo, wangazelisa isandla sakho. Hayi kuba indim, umzalwane wakho. Ngoku, awunalo ikhadi lokuthandazelwa. Bekungasayi kubakho kwandlela yokuba ungaze ungene emgceeni, ngoba awunalo ikhadi lokuthandazelwa. Ngoku, ukuba kukho nawuphi kuni abanamakhadi okuthandazelwa, musa—musa—musa ukuphakama, yabona, ngokuba uyakulifumana ithuba lokuza emgceeni.

<sup>301</sup> Kodwa ndibona okwakuKhanya kundanda phezu kwakhe. Akuqaqhekeki kubengumbono okwangoku. Andinako ukukuphilisa, mzalwane, andinakho. NguThixo yedwa nokwenza lonto. Kodwa okwakho. . . olwakho. . . unokhoho. Uyakholwa. Kwaye kukho—okuthile, ku—kungunobangela walo, ngandlela ithile.

<sup>302</sup> Ukuba onaMandla-onke uThixo uyayundixelela lendoda ukuba yintoni ngxaki yayo, ingaba ingxenyane yenu iyakuyamkela impiliso yenu? Kukho indoda, ngokugqibelela imi kwishumi, ishumi elinantlanu leeyadi ukusuka kum, andizange ndambona ebomini bam. Uyindoda nje eme phaya. Ukuba onaMandla-onke uThixo uyakutyhila ukuba yintoni engalunganga ngalandoda, nonke kuni nimelwe kukuphuma apha ningumntu ophilileyo. Yintoni engaphezu koko uThixo ebenoyenza? Ingaba kunjalo?


<sup>303</sup> Mhlekezazi, akukho nto ingalunganga ngawe. Ubuthathaka, unokuvuka okuncinci ebusuku, ukuqhina njalo-njalo, kodwa oko akuyiyo inkathazo yakho. Inkathazo yakho imalunga nenkwenkwe yakho. Kwaye inkwenkwe yakho ikuhlobo oluthile lwendawo yoburhulumente, kwaye inezimilo ezibini. Ingaba kunjalo? Wangazelisa isandla ukuba kunjalo. Kunjalo ngenene.

<sup>304</sup> Bangaphi abakhulwayo ngoku ukuba uYesu Kristu uNyana kaThixo umi apha? Masiphakameni sinikele ngendumiso size samkele impiliso yethu.

<sup>305</sup> Thixo onaMandla-onke, Mbangi yoBomi, Mniki waso sonke esilungileyo isipho, Wena ulapha, ekwanye iNkosi uYesu Kristu, nguwe izolo, namhla, nanganaphakade.

<sup>306</sup> Kwaye, Sathana, ubakhohlise aba bantu ithuba elide ngokwaneleyo, phuma kubo! Ndiyakuyalela ngoThixo ophilayo

oBukho baKhe bulapha ngoku kwisimo seNtsika yoMlilo, hlukana naba bantu! Uphume kubo, eGameni lika Yesu Kristu!

<sup>307</sup> Nonke ngamnye kuni phakamisani izandla zenu nize nidumise uThixo, nize namkele impiliso yenu, nonke ngabanye. [Ibandla lidumisa uThixo—Umhl.] 

*YEZA NJANI INGELOSI KUM, KUNYE NOMYALELO WAYO* XHO55-0117  
(How The Angel Came To Me, And His Commission)

Lo Myalezo kaMzalwana William Marrion Branham washunyayelwa ngoMvulo, ngoJanywari we-17, ngo 1955, eLane Tech High School eChicago, Illinois, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yiVoice Of God Recordings.

XHOSA

©2017 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE  
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)